Isivumo

umntu ngamnye

ukudityaniswa,

nokuvunywa kwezono

zesizwe

lintsuku esingamashumi

amahlanu zomtandazo (50)

"Bathoba ke abantu bami, ababizwa ngegama lami, bathandaza, abafuna abuso bami, babuya ezindleleni zabu ezimbi: diya kuva mna emazulwini, ndibaxolele izono zabo, ndiphilise izwe labo. Izikronike II 7:14

Lecwadana iyafumaneka nge Afrikaans, English, Northern Sotho, Tswana, Xhosa, Zulu

Ubugwenxa bethu kuThixo

Emzantsi-Afrika njengasemhlabeni wonke kuyanda ukulamba ezintliziyweni zamaKrestu, zilambele uthando olupheleleyo noThixo, onguYise weNkosi yethu uYesu Krestu. Oku kubonakalaliswa kukukhula komdla wokuthandaza nokufuna ubuso bukaYehova. AmaKrestu amaninzi ayayivakalisa inkxalabo yabo ngokuhla komgangatho woluntu kwilizwe lakowethu, njengoko zibonakaliswa ngokwanda kobugebenga, ubundlobongela, nezenzo zezono. Abanye abantu baye uMzantsi-Afrika bawuthatha njengoncanyiweyo nolahlekileyo baza bakhetha ukuwushiya bazifunele igwiba lokhuseleko kwezinye iindawo. Ngamxesha afana nala kufuneka umazi uThixo esimnqolayo ukuba unguThixo ongahlulwa nto. UThixo wethu nguThixo kanye osebenza ezoo meko sele zincanyiwe. Akasishiyanga engasiyekelanga kanjalo, ngokwelizwi lakhe ulinikile ibandla lakhe eyona migaqo emaliyilandelwe ukulawula iimeko ezifana nezi uMzantsi-Afrika ujongene nazo ezifana ne: ndlala, izifo, ukungalawuleki, njalo-njalo. Eyona nto ayifunayo uThixo ufuna sibe nokholo, kuba ngaphandle kokholo akukho ukumkholisa Yena. Ngokholo olungango ngokhozo lwemostadi iintaba ziyasuswa.

Noko kunjalo uThixo unemigaqo ethile asebenza ngayo. Uyibeka ngokucacileyo eBhayibhileni into yokuba xa kukho isono ebomini bethu okanye isizwe sonile kuye, ngoko ke yena akayi kuyiphendula imithandazo yethu okanye athobe intsikelelo yakhe. Inguquko yindlela yokusondela kuye kwimeko ezinjengezo, UThixo uyatsalwa yintliziyo eguqukayo. Ingxaki kwisizwe sethu namhlnje kukungayazi into emasiyiguqukele. Sele siqhelene kakhulu nesono kangangokuba asisisebenzi ngendlela yeBhayibhile, sisuka sifune unobangela nezizathu zokubandakanyeka kwizinto azicaphukelayo, size silindele ukuba uThixo asondele kuthi noxa sisona. Imigaqo kaThixo ngokumalunga nobungcwele iyecacileyo kakhulu kungoko kufuneka sikhangele kwiziqu zethu nakwisizwe sethu ngamehlo kaThixo. (silinganisela iziqu zethu nesizwe esihlala kuso kwilizwi likaThixo.) Size phantsi kwakhe ngenguquko.

Ibhayibhile iyacacisa ngokupheleleyo into yokuba ukuze uxolelwe kufuneka uguquke. Izono zangaphambili ezingaguqukelwanga azixolelwanga kodwa zisasichapazela nanamhlanje. Kukhona ezo zono

ezichaphazela umhlaba zize ngokweBhayibhile zenze ukungcola emhlabeni aze uThixo asuse inceba yakhe kuloo mhlaba. Zine iindawo zesono esizakujongana nazo apha ekuqaleni ezizezi: Impalalo gazi, umbulo, ukophulwa kweminqophiso nonqulo zithixo. Uluhlu ngalunye lwezono luyakucaciswa kangangoko kude kunikwe nemizekelo yendlela yokuthandaza malunga nezo zono.

Ukususa ubugwenxa

Esona sizathu sokuba uKrestu eve ubunzima aze avuke kwelabafileyo kushunyayelwa kwenguquko noxolelo kuzo zonke izizwe (Luka 24:46 – 47). Upawulosi nabanye abaPostile balusasaza oludaba kulo lonke ilizwe lama Roma. Kwesinye seziseko, i–Efese, uPawulosi xa wayeshumayela inguquko kwabakho inguquko enkulu yokubuyela kuYehova baza abantu batshisa iincwadi zabo zokusebenza ubugqirha (Izenzo 19:19). Le nto yalichaphazela ilizwe kangangokuba yashukumisa abenkolo kaDemetriyo (Artemis) Balahlekelwa nayintengiso yonqulo zithixo. Indlela kaThixo yokubuyisela abantu kuye nokubasusa kubugwenxa yinguquko.

KwiTestamente endala abantu bakaThixo kwakufuneka bazisuse baze bazitshabalalise zonke ezo zinto zazimkhathaza uThixo (Iduteronomi 12:2 – 4) ukuze babe nako ukunqula yena yedwa. Wabathembisa ukuba xa bathe bakreqa ekumlandeleni waza wabohlwaya ngokungamthobeli kufuneka babuyele kuye, bazithobe phambi kwakhe, bathandaze, bafune ubuso bakhe baze babuye kwiindlela zabo ezimbi, yena uyakuva esezulwini abaxolele izono zabo aze aphilise ilizwe labo(2Izikronike 7:14). Kwincwadi yama Hebhere 9:22 sifunda ukuba yonke into ihlanjululwa ngegazi futhi ngaphandle kokuphalala kwegazi alukho uxolelo lwezono. Kwitestamente endala uThixo wabanika abantu bakhe indlela yokucamagusha ukubanceda xa sukuba bemonile okanye bone omnye komnye. Kwakuthi kanye ngonyaka athi umbingeleli omkhulu azise umnikelo okhethekileyo, owawubizwa ngokuba “sisibingelelo sentlambululo” (Ilevetikusi 16). Igazi lokubingelela lalisetyenziselwa ukuhlambulula indawo engcwele (phambi kwesihlalo senceba) ngenxa yokungcola kwabantwana baka Sirayeli nangenxa yobugwenxa bazo zonke izono zabo. Emveni kokuba umbingeleli omkhulu elifefile igazi phezu naphambi kwesihlalo senceba kwakufuneka ezise ingxelo yezono zabantu. Esi sibingelelo sasaziswa kanye ngonyaka sasikwangumnikelo wokukhusela abantu kubungcwele bukaThixo.

Kwincwadi yama Hebhere 9:11, sifunda ukuba uYesu weza engumbingeleli omkhulu waza wangena kweyona ndawo ingcwele endaweni yethu. Azange eze negazi leebhokhwe neegusha koko weza ngelilelakhe. Akufunekanga ayiphindaphinde lonto koko wayenza kwabanye waba ugqibile. Igazi likaYesu yayilelokunikela umnqophiso omtsha (Korinte 1 11:25 – 26) waphinda ngegazi wenza indlela yokususa isono (Hebhere 9:26). Igazi leebhokhwe neegusha azange likwazi ukusisusa isono kodwa elikaYesu liyakwazi. Ngegazi likaYesu siyakwazi ukufumana uxolelo lwezono, akusafunekanga sizise mnikelo wabhokhwe okanye igusha. Emva kokubingelela uYesu wahlala ngasekunene kukaThixo elinde ukuba iintshaba zakhe zenziwe isihlalo seenyawo zakhe. Ngenxa yento uYesu awayenzayo sinalo ilungelo elipheleleyo lokungena etronene yobabalo (isihlalo senceba) emazulwini (Hebhere 4:16), sifumane uncedo ngexesha elifanelekileyo. Igazi likaYesu elathi lafefwa phambi kweTrone yobabalo libubungqina boxolelo elithi uThixo alinike bonke abeza kuye egameni likaYesu, besizisa inguquko. Xa sukuba sithandaza kuThixo sicela uxolo lwezono zethu nezono zabantu bethu, njengoko umbingeleli omkhulu wayesenza kwiTestamente endala, uThixo umamela ubungqina kwigazi likaYesu njengoko lisingqinela ngakho kwitrone yakhe (Hebhere 12:24). Njengoko imithandazo yethu yenguquko isiziswa phambi koThixo (Isityhilelo 8:3 – 5), uThixo usebenza endaweni yethu zize zonke izithembiso zomnqophiso ukusuka kwizithembiso uThixo awazenza kumnqophiso wakhe no Adam, Nowa, Abraham, Davide, Solomon, njalo-njalo zize ezizithembiso zomnqophiso omtsha zibe lilifa lethu. Esinye sazo sesokuba xa sithe sathoba, sathandaza, safuna ubuso bukaThixo saza sabuya kwindlela zethu ezimbi, uThixo uyakuva esezulwini, asixolele izono zethu aphilise ilizwe lethu.

Impalalo-gazi

Isiganeko sokuqala sempalalo gazi eBhayibhileni sifumaneka kwincwadi ye Gen 4, apho uKayin wabulala umninawa wakhe u-Abheli. Emva ko Kayini isono sokuphalazwa kwegazi saphindwa-phindwa ngenjikeleza yempindezelo (Gen 4:23 –24) yabaqatha kakhulu. Wathi uKayini uyakuqalekiswa emhlabeni ukuqe xa umhlaba usetyenziswa unganiki amandla ekufanele uwunike. Umulali uyakuba sisibhadu-bhadu nomphambukeli, angakwazi ukuzinza (Gen 4:11 – 12). Xa uThixo wayenika uMoses umthetho wakhe ayalela ukuba umbulali afe

(Dut 19:11–13). Xa kwakukho isenzo sobugebenga esingalungisekanga uThixo wabiza ababingeleli kwiidolophu ezisondeleyo ukuba bajongane nalo meko (Dut 21). Ibhayibhile Iyasifundisa ukuba impalalo gazi, leyo yabantu, nezilwanyana yenza ubutyal emhlabeni ubutyala begazi sisiphumo esingenakuthintelwa esibangelwa kukuphalazwa kwegazi labantu okanye lwezilwanyana ukwenza amadini kwizithhixo. Eli tyala lifana nobhubhani onwenwa ngokukhawuleza. Ingachaphazela umbulali nezo zihlobo zakhe zegazi ezingasondelanga, nesizukulwana esilandelayo, isixeko ahlala kuso, isizwe sakhe, nomhlaba ahlala kuwo. Kanye emveni konogumbe uThixo wakhupha umyalelo othintela ukutyiwa okanye ukuselwa kwegazi. Lo myalelo wasahlonelwa nalibandla lokuqala leTestamente entsha (Izenzo 15:20). Uyesu kwiTestamente entsha uwuthabathele phambili umyalelo wokubulala ngokucacisa ukuba umsindo ongenabulungisa nokubhavumla ngumsindo kubi phambi kwamehlo kaThixo njengokubulala.

Impalalo gazi lityala elikhulu emehlweni kaThixo. Xa uManase wayizalisayo iYerusalem ngegazi elingenatyal, uThixo akavumanga ukuxolela, ngoko wabenza iimbacu abantu bakge (OoKumkani 11 24:4). Sa abo ababefuna uThixo babenetyala legazi ezandleni zabo, uThixo azange afune ukuphendula imithandazo yabo (Is 1:15; 59:2). Kwincwadi yemizekeliso uthi uyazicaphukela izandla eziphalaza igazi (Imiz 6:17), kwincwadi kaYoweli 3:21 uThixo uthembise ukua xa esizisa ulwakhiwo ngokutsha, uyaxolela ubutyala begazi kodwa kude kube ngoko umhlaba awusayi kuyifihla impalalo-gazi (Is 26:21). Eli gazi lakuqhubeka likhala kuThixo njengegazi lika Abheli.

Abemi boMzantsi Afrika banomthwalo wempalalo gazi ngenxa yegazi elimsulwa eliphalele emhlabeni wethu. Iziqhamo zempalalo gazi zibonakalaliswa kukukhula kwenzondo, impindezelo, ubhavumlo nomsindo phakathi kwabantu, iindlela ezizinzinga zabantu abaninzi nokwanda kwentswelo zokutya kwiindawo ezininzi zeli. Inye indlela yokulungixa obu butyala kukunqamanisa igazi likaYesu kunye nathi. Siyenza njani loo nto? Ngokungena etroneni yobalbalo sinengqiniseko yokuba sinommeli osemazulwini osithandazelayo. Walihlawula ityala lezono zethu ngelilelakhe igazi yaye akumele samkele igazi lenkunzi okanye ibhokhwe ukuze sizuze uxolelo. Igazi likaYesu kwisibingelelo emazulwini liyasithethelela (Heb 12:2). Sixhobe ngesi sithembiso sokuxolelwa nesiqinisekiso somnqophiso omtsha/ongcono, singaya kuThixo siguqukele isono selizwe lethu size sifumane uxolelo lwakhhe.

Xa sukuba isono singaguqukelwanga asixolelwanga. Nexhesha alinako ukusicim. Inye indlela yokufumana uxolelo yinguquko kuphela. Isono esingaguqukelwanga nokuba sese sizukulwana esidlulileyo siyazichaphazela izizukulwana ezilandelayo. Khumbula sivuma kuphela izono zamndulo, ASITHANDAZELI ukuxolelwa kwezinyanya. Babe nalo nabo ithuba phambi koThixo. Siyathandaza ukuze uThixo asuse ityala legazi emhlabeni ngegazi likaYesu kunye nesiqalekiso esize ngenxa yetyala legazi. Ke ngoko siza kumkhumbuza uThixo ngesithembiso sakhe esikwincwadi yeziKronike 11 7:14: “Ukuba uyaguquka … ndiyakuphilisa ilizwe.”

Imithandazo malunga nobutyala bempalalo gazi (Isuku 1-14)

Le mithandazo ilandelayo inokusetyenziswa yonke imihla ngumntu eyedwa okanye isetyenziswe kumaqela omthandazo.

Isuku 1- Gen 4:10 *Wathi uYehova, “Wenze ntoni na? Izwi legazi lomninawa wakho liyalkhal emhlabeni kum.”* Heb 12:24 … *[Nizile] nakumlamleli womnqophiso omtsha, uYesu nakwigazi lokufefa, elitheha ezona zinto silungileyo kune lika-Abheli* … Bawo siyabuvuma ubutyala bethu begazi eMzantsi Afrika. Siyalvuma ukuba amazwi amagazi abantu abaninzi akhal kuwe ekulomhlaba. Siyaguquka kumba wokuzalisa uMzantsi Afrika ngegazi. Sicela wena usihlambe ngegazi likaYesu, lize igazi elifefwa emazulwini lisithethelele eMzantsi Afrika, lisizisele ukuxolelwa, ukuphiliswa, ukwakhiwa ngokutsha elizweni lethu.

Isuku 2 – Lev 17:11*”Kuba umphefumlo wenyama usegazini wona. Mna ndaninika lona esibingelelweni*, *ukuba kucanyagushelwe imiphefumlo yenu.”* Thixo Bawo oyimbangi yobomi siyaqonda sivuma ukuba ubomi sibuphethe ngokungenantlonipho eMzantsi Afrika. Sicela usixolele yaye siyathandaza ukuba usibuyisele intlonipho malunga nobomi ukuze siphathe abantu njengezidalwa ezinomphefumlo wakho onika ubomi.

Isuku 3 – Numeri 35:33 *”Ize ningalihlambeli ilizwe enikulo. Kuba ligazi elihlambela ilizwe, ilizwe ke alinakucanyagushelwa ngenxa yegazi eliphalaziweyo kulo.”* Mgwebi wabahleliyo nabafileyo, siyalazi silivuma ityala lethu hambi kwakho ngokubhekislele kwimpalalo gazi kwilizwe lethu elibangelwe ziimfazwe, ubugwinta kunye neengozi. Sithandazela

inceba yakho nokuba usixolele isono sethu sokungcolisa ilizwe. Siyathandaza ukuze imithandazo yethu yamkeleke uphilise isono sethu.

Isuku 4 – Lev 17:10 *"Umntu ngomntu wndlu kaSirayeli, nowakubaphambukeli abaphambukele phakathi kwenu, osukuba esidla yonke into eligazi—ndowuchasa umphefumlo odle igazi, ndiwunqamle ungabikho phakathi kwabantu bakowabo."* Indumiso 16:4 *"Ziyakwanda iimbulaleko zabo bamamamisa ngathixo wumbi. Andiyi kuyithulula iminikelo yabo ethululwayo yegazi, andiyi kuwaphatha amagama abo ngomlomo wam."* Yehova, Thixo siyavuma siguqika ngoko ukusela nokutya igazi kwisizwe sethu, nokuba kusekunquleni izithixo zobuxoki, imimoya, izinyanya okanye ezinye iziqu, nakuwaphina amasiko olwaluko okanye amasiko ezithethe nokutya.

Isuku 5 – Luka 11:50 – 51 *Ukuze limenywe kwesisizukulwana igazi labo bonke abaprofeti elaphalazwayo, kuseloko lasekwayo ihlabathi, lithabathela egazini lika-Abheli lide lise egazini likaZekariya, owabatsalelea kwindawo yesibingelelo nendawo eyingcwele. Ewe ndithi kuni liyakumenywa kwesi sizukulwana*. Hoseya 4:*2 Kukushwabula nokuxoka nokuncincitha nokuba nokukrexeza, bagqobhozile igazi liphathelele kwigazi.* Wena Olungileyo siyabazi sibuvuma ubutyala bethu bempalalo gazi lwezizukulwana ezagqithayo obungalungisekanga baza ngenxa yoko le mpalalo gazi yabiza impalalo gazi kwisizwe sethu. Siyathandaza ukuba kwinceba yakho impalalo gazi ejikelezayo kwilizwe lethu ngamandla egazi likaYesu.

Isuku 6 – Indumiso 106:38 *Baphalaza igazi elimsulwa, igazi loonyana babo neleentombi zabo. Ababingelela ngabo kwizithix\xo zakwaKanana, lahlanjelwa ilizwe ngamagazi*. Thixo, Bawo, siyalazi silivuma ityala lethu lokuphalaza igazi elinsulwa kweizibingelelo zokonwaba nobutyebi ngokubulala abantwana abangekazalwa ngokuqhomfa. Nceda wandise uxolelo lwakho eMzantsi Afrika ngokwenza isi sono sibe semthethweni. Sithandazela inceba yakho ibe phezu kwesi sizwe.

Isuku 7 – Gen 9:5 *Ligazi lenu lodwa, imiphefumlo yenu ke endiya kulibiza esnandleni sezinto zonke eziphilileyo, ndiyaklibiza nasesandleni somntu, esandleni salowo ungumzukulwana wakhe, ndiyakuwubiza umphefumlo womntu*. Yehova wethu olungileyo nceda ukhokele iinkokheli zethu ukuba ziluthabathe uxanduva lwazo

ngokubhekiselele dwimalalo gazi uze usincede siphinde samkele uxanduva esinalo ngakubomi.

Isuku 8 – Abagwebi 9:23 – 24 *UThixo wathuma umoya ombi phakathi ko-Abhimeleki abemi bakwaShekem, bamkhohlisa u-Abhimelelki, ukuze ukungonyanyela koonyana abangamashumi asixhenxe baka Yerubhahali kufike, igazi labo libekwe phezu ko-Abimeleki umzukulwana wabo, owababulalayo, naphezu kwabemi bakwa Shekem, abasomelezayo isandla sakhe wababulala abazalwana bakhe.* Mhlawuleli wethu, wena ophindezela igazi ngenxa yempalalo gazi. Waphindezela yonke impalalo gazi kuYesu Krestu xa ngoku wayethwele izono zethu emnqamlezweni. Nceda uzise ukuphumla nempiliso kwabo balahlekelwa zintandane zabo kungquzulwano nangeemfazwe uze ususe ezintliziyweni zethu ubukrakra ntentiyo kwabo basonileyo ukuze sixolele.

Isuku 9 – Hezekile 33:25 *Ngako oko yithi kubo itsho iNkosi ukuthi, "Nidla into enegazi amehlo enu niwaphakamisele ezigodweni zenu, niphalaze igazi, nolidla ilifa na ke ilizwe? Nimi ngekrele lenu nenza amasikizi nithi elowo nimenze inqambi umfazi wommelwane wakhe nolidla na ke ilizwe?"* Indumiso 24:1 *Lelika Yehova ihlabathi nenzaliseko yalo elimiweyo nabahleli kulo, ngokuba yena waliseka phezu kweelwandle*. Nkosi enamandla siyavuma ukuba singamaqela abantu abohlukeneyo kweli lizwe silwa ngomhlaba. Siyavuma namhlanje ukuba umhlaba ngowakho nokuba nguwe qha oselungelweni lokusilawula. Sincede siyichiphele imicimbi yomhlaba ngendlela yobuThixo. Mabufike ubukumkani bakho eMzantsi Afrika.

Isuku 10 – Gen 4:12 *Wathi uYEHOVA, "Wenze ntoni na? Yiva! Izwi legazi lomninawa wakho liyakhala emhlabeni, omkhamisela umlomo wawo ukuba ulithabathe igazi lomninawa wakho esandleni sakho. Xenikweni uwusenzayo umhlaba awusayi kuphinda ukunike amandla awo, uya kubhadula uphalaphale ehlabathini.* Mbuyiseli wezinto zonke nceda ususe isiqalekiso setyala legazi kuMzantsi Afrika, ukuze umhlaba uphinde uvelise izityalo kubantu uthumele iimvula zakho ngoko kuthembisa kwakho kwincwadi yeziKronike 11 7:13. Egameni likaYeu Krestu siyakucela ukuba ususe nayiphina into enokwenza abantu bangazoli baze baphinde bangazinzi. Sinike uxolo nozinzo kwesisizwe.

Isuku 11 – Heb 9:22 *Kananjalo ngokomthetho ndingade ndithi, zonke izinto ziphantse ukuba zihlanjululwe ngegazi; kungaphalalanga gazi, akubikho ukuxolelwa*. Yehova, Thixo siyavuma ukuba xa sukuba sikhumbula impalalo azi kwilizwe lethu, ubukrakra nentiyo buyazizalisa iintliziyo zethu ngakwabo basihlungisayo okanye babulala iintshpho zethu saza bathi endaweni yokolula uxolelo samangala safuna impindezelo. Ngoku sikhetha ukuxolela bonke abenza intlungu njengoko nawe wasixolela ngegazi likaYesu.

Isuku 12 – Habhakuki 2:12 *"Yeha ke kowakha umzi ngamagazi oqinisa umzi ngobugqwetha.* Daniyeli 9:8 *Nkosi kuthi kukudana kobuso kookumkani bethu, nakubathetheleli bethu nakoobawo bethu ngokuba sonile kuwe*. Kumkani Wobulungisa siyavuma ukuba iidolophu zethu ezininzi zafunyanwa ngokungenabulungisa, ngempalao gazi nangobugweetha. Ngethuba akwekuskwa esi sizwe kwiminyaka yamandulo amadoda (nabafazi) asebenzisa amandla ukuphalaza igazi. Sisidanele isono sethu, izixeko nedolophu uze uzwale issiseko esitsha esisekelwe phezu kwentlambululo kaYesu Krestu kunye nenguquko.

Isuku 13 – Isaya 1:15 – 16 *Ekoluleni kwenu izandla zenu ndiya kuwafighla amehlo am kuni; nokuba nandise ukuthandaza, andiyi kuva; izandla zenu zizele ngamagazi. Zihlambeni, ziqaqambiseni; susani ububi beentlondi zenu phambi kwamehlo am*. Yoweli 3: :21 *Ndiyakulisusa igazi labo endandingalisulanga*; *ngokuba uYEHOVA uhleli eZiyon*. Thixo wamandulo usithembisile ukuba uyakuva usezulwini xa sithe sazithoba, safuna ubuso saza sabuya kwindlela zethu ezimbi. Nceda uve ngoku njengoko sithandaza/ungaphindi ubusithelise ubuso bakho kuthi. Xolela uMzantsi Afrika kulo lonke ityala legazi, ngempalalo gazi eyenziwa ngabemi bokuqala ababingelela kwabanye oothixo, mgemaplalo gazi kwizigingelelo ezingekho mthethweni (nokuba kubingelelwa nluphina uhlobo nokuba lolwesiko okanye ubuzwe), impalalo gazi yongquzulwano phakathi kweentlanga neemfazwe zobuhlanga, impalalo gazi ngexesha lobuKoloni, impalalo gazi eyenziwa yincaso yamangesi norhulumente wocalucalulo, impalalo gazi ebangelwa bubugebenga, ukubulala, iingozi, ukukhutshwa kwezisu, ukuzibulala, indlala nentswela bulungisa. Vumela esi sizwe sifumane impiliso ukuhlanjululwa, intsindiso nokwakhiwa ngokutsha. Amen.

Isuku 14 – Indum 51:12 *Buyisela kum imihali yosindiso lwakho. Undixhase ngomoya wentumekelelo*. Msindisi siyawavuyela ngamandla amandla asegameni lakho. Izinto zonke uzenza kakuhle. UnguKumkani woXolo; uMlawuli Olilungisa, uMbuyiseli wezinto zonke; unguYise weenkedama noMkhuseli wabahlolokazi. Siyaziyolisa kuwe. Langa igama lakho lingazukiswa eMzantsi Afrika. Banga bonke abantu balazi balibonge igama lakho. Sibhoyozela ubuninzi bobulungisa bakho ngovuyo sicula ngobulungisa bakho.

(Umzekelo womthandazo kumathafa eemfazwe, nezivivana zeemfazwe, iziza zongquzulwano, iziza zobingelelo lonqulo, amaziko oqhomfo, iziza zengozi, ubugebenga, ukuzibulala, njalo-njalo)

Thixo, Bawo siza kuwe egameni loNyana wakho, uYesu Krestu ngokwesithembiso sakho esikwincadi kaYohane 16:23 Malibongwe igama lakho elizukileyo, wena uphakamileyo ngaphezu kweentsikelelo nemibongo. Nguwe wedwa uYehova, udale amazulu; izulu lamazulu, nawo wonke umkhosi walo, umhlaba nayo yonke into ekuwo; iilwandle nayo yonke into ikuzo yaye uzigcinile zonke. Sikunye nomkhosi wezulu siyaknqula. Siyakuvuma namhlanje ukuba unguThixo ongaphezu kwabo bonke oothixo, yaye akakho onjengawe. UnguThixo owadala eli lizwe esihleli kulo. Wazenza iintlanga zaseMzantsi Afrika ngagazinye zonke wamisa amaxesha abekwe ngenxa engahambili nemida yokuma kwazo, ukuze bakufune (Izenzo 17:26 – 27)

Ngokuthoba njengebandla eliseMzantsi Afrika sizithoba phambi kwakho (Yakobi 4:6 –7) siguqa ngamadolo phambi kwakho simela iziqu zethu, amaqela abantu bethu nelizwe lethu (Rom 14:11 –12). Sigwetywa nguMoya oyiNgcwele ngetyala lethu elimalunga nempalalo gazi eMzantsi Afrika, uulungisa obulindeleyo kuthi njengabantu baseMzantsi Afrika nokugweba kwakho kwilizwe lethu ngenxa yesono. Siyaqonda ukuba igazi lamadoda namankazana akowethu lisakhala kuwe kumhlaba waseMzantsi Afrika siyavuma ityala lethu lempalalo gazi.

Siyaguquka kwinto yokuba uMzantsi Afrika siwuzalise ngegazi. Siyavuma ukuba ubomi siye sabuphatha ngembeko encinci eMzantsi Afrika.

Impalalo gazi yexesha elidlulileyo: Bawo, siyaqonda sivuma kanjalo ukuba ubutyala begazi bezizukulwana ezidlulileyo akhange busentyenzwe. Siguqukela namhlanje yonke impalalo gazi ngeemfazwe kwilizwe lethu (Abamhlophe; abaThwa; amaQhakancu nabaMhlophe; amaXhosa; amaQhakancu namaXhosa, amaQhakancu nabaThwa, amaGriekwa namaQhakancu, amaKorannah namaZulu, amaXhosa namaZulu; abeSuthu namaZulu; abaMhhlophe namaShangani; amaZulu; amaNdebele; abeTswana namaNdebele; amaPedi namaVenda; amaPedi namaBhulu; amaBritani, xela neliphina idabi elaliwa endaweni yakho _____). Siyathandaza ukuba uthulule inceba yakh phezu kwethu uze uqhawule impalalo gazi ejikelezayo nempindezelo emhlabeni wethu ngamandla egazi likaYesu Krestu. Nceda uxolelanisse amaqela abantu kwilizwe lakowethu lize lithi igazi likaYesu Krestu libuyisele ubuhlobo, philisa amanxeba okwaliwa, intiyo, nokungathembani. Siyavuma ngokujnalo ukuba ezinye izivivana esizimisele ukuhlonela ezimfazwe zasetyenziselwa ukuvusa intiyo, ubukrakra nocalucalulo ezintliziyweni zethu. Wiyavuma ukuba sivumele ezo ndlela esiva ngazo ukuba zingcolise umyalezo wokuba wena ungubani na nokuba sisebenzisa iBhayibhie ukuthethelela impalalo gazi. Siyavuma nokuba ezinye zezizivivana (uninzi lwazo zinika intlonipho kwizithixo zama Yiputa nama Roma) azilizukisi igama lakho. Nceda sixolele.

Impalalo gazi ngongquzulwano: Yise weNkosi yethu uYesu Krestu, iBhayibhile iyasixelela ukuba ukuphalazwa kwegazi ngamathuba emfazwe yegazi iyakuthi ngexesha loxolo ibize impindezelo. Siyavuma ukuba namhlanje sinetyala lokuphalaza igazi ngamaxesha oxolo kwilizwe lethu. Siyavuma siguquka ngokubulala, ungquzulwano ngokobuhlanga, nengcinezelo ngamaxesha edabi lenkululeko. Siyazivuma izenzo ezingenabulungisa ezenziwa ngabo babegcina uxolo sizivuma phambi kwakho. Nceda sixolele.

Impalalo gazi yeemfazwe kwamanye amazwe: Bawo wethu ukuba thina singabantu boMzantsi Afrika sinetyala lokuphalaza igazi eNamibia, Angola, Zimbabwe naseMozambique, eLusuthu nakumazwe aseMantla naseMpuma yeAfrika naseYurophu. Siyathandaza ukuba sihlanjululwe kwityala legazi ze kudaleke uxolelwaniso.

Impalalo gazi eyenziwe bubugebenga nokuzibulala: Bawo siyavuma siguquka njengesizwe soMzantsi Afrika ngokuphalaza igazi kumakhulu-

khulu eziganeko zobugebenga ezenziwe kwli lizwe. Kanangjalo siyavuma ukuba sinetyala ngenxa yemithetho yeli lizwe evumela ukuba kuqhomfwe, kubulawe iintsana ezisezsini, nangegazi elimsulwa eliphalazwa kwintendelezo zokunqula izithixo zobutyebi nokonwaba. Siyaguquka sicela uxolo ngomsindo, intiyo ubukrakra ubukhokelele kwinyikityha yokubulawa kwamafama ngenxa yocalucalulo.

Impalalo gazi eyenziwa ziingozi: Nkosi siyavuma impalalo gazi elimsulwa ngenxa yeengozi ezindleleni ngenxa yokungabinankathalo, ukuqhuba usele, ukungathobeli imithetho yendlela nezinye izizathu. Nceda ususe ityala legazi kwilizwe lethu.

Impalalo gazi ngezibingelelo: Yise weNkosi yethu uYesu Krestu, siyaliqonda ityala kwilizwe lethu ngenxa yempalalo gazi liezilwanyana (nabantu) ngamathuba onqulo lwezinye izithixo (ubusathana; ubugqwirha; unqulo lwayo nantonina okanye nabanina ongengoThixo, uYise weNkosi uYesu Krestu). Siyalivuma siliguqukela nalo neliphina igazi eliphalele kumatheko okoluka, izithethe nokutya kuselwe igazi ngendlela yesithethe.

Siyathandaza egameni likaYesu Krestu ukuba ususe isiqalkiso emhlabeni wethu ubuyisele inceba yakho ukuze kumhlaba ukhulise imveliso yawo kwakhona siyathandaza ukuba uqhawule isiqalekiso sokubhadula uvumele abantu bakho bazinze elizweni obanike lona.

Sicela ukuhlanjululwa ngegazi likaYesu ukuze igazi likaYesu elisesibingelelweni lisithethelele singabantu baseMzantsi Afrika namhlanjeb (Heb 12:24), ukuzisa uxolelo, impiliso nolwakhiwo ngokutsha elizweni lethu. Amen.

Umbulo/ Ubuhenyu

Incwadi ye Genesis 6 isixelela ngobungqina bokuqala bombulo eBhayibhileni noxa iBhayibhile ingasixeleli ngokucacileyo eyona nto eyenzekayo ngexesha eliphambi konogumbe, esinye seziphumo zombulo owenzeka ngelo xesha kukuba umhlaba wawuzaliswe lungquzulwano. Ukwehla kwezinga lobuntu ngenxa yeenkanuko ezigqithisileyo icaciswe kwincwadi yabaseRoma 1. Esona siqhamo soko yaba kukuba abantu baba ngabachasi bakaThixo, kwaye isigwebo (vs 32), sifanele ibekukufa, yayisesona sigwebo uThixo owayesimise

phezu kwesizukulwana asasiphambi konogumbe. Umbulo njengesono ucaciswe kwincwadi yeLevet 18:6 – 23 ivelela iinkalo ezifana nokulalana kwamalungu osapho olunye, ukulalwa komfazi xa esexesheni, ukukrexeza, ukulalana kwabanesini esifanayo, ukulala nezilwanyana nokuthengisa ngomzimba.

KwiTestamente eNtsha uPawulos uyawucacisa umbulo njengesono emzimbeni womntu (Kor 11 6:18). Kwincwadi Lev 18 umbulo uchazwe njengomnye unobangela ukuba balahlekelwe ngumhlaba. Einye zeziphumo zombulo emhlabeni kuku: nciphisa ubomi, ukulahlekelwa ligunya kwizinto zakwamoya, ukurhalela ulawulo, ukuswela umoya wobucaka, ukuswela intobeko, iinkanuko ezivulela ingcinizelo yamadimoni. UYesu kwincwadi kaMateyu 5:28 uye wangena nzulu ngokuthi nokuba sigcine iingcinga zeenkanuko ezintliziyweni zethu sesikrexezile. Ngoko ke ayisosenzo sombulo esingcolisayo kodwa nokungcola kweengcinga zethu ngemiboniso yamanyala neendaba. Kwincwadi yabase Kor 1 5, uPawulos ugxininise ngokuyala ibandla ukuba lingawunyamezeli umbulo phakathi kwamalungu awo nakwincwadi yabase Roma 1 uthe umgwebo awuyikuza kwabo kuphela benza ezi zenzo kodwa nakwabo abazivumelayo ukuba zenziwe.

Ukuba sijonga uMzantsi Afrika ngalendlela iBhayibhile iwuchaza ngayo umbulo, ngoko sinetyala phambi koYehova ngokuvumela esisono sinwenwe singcolise isizwe sethu. Abona bantu banokuza phambi koYehova bacele ukuhlanjululwa nokubuyiswa kweentsapho zethu, imitshato nesizwe ngabo banobudlelwano noThixo uYise ngoYesu Krestu, abathe bakoyisa ukungcola kombulo kwiimpilo zabo.

Imithandazo malunga nombulo (Iizinsuku 15-21)

Le mithandazo ingasetyenziswa ngazo zonke iintsuku ekuzithandazeleni nakumaqela omthandazo:

<u>Isuku 15 – Levetikus 18:6</u> *Umntu ngomntu azegasondeli nakwinye inyama yenyama yakhe, ukubaatyhile ubuze bayo: ndinguYehova.* Thixo, Bawo, siyasivuma isono sabazalanayo phambi kwakho. Siyavuma ukuba asikhange siwaphathe ngembeko amalungu osapho lwethu ngokumalunga nesini sawo. Sithandazela ukuhlanjululwa kweentsapho, ukuphiliswa kwemiphefumlo eyaphukileyo nokubuyiselwa

kobunyulu kubudlelwana emakhayeni ethu. Nceda uphilise iingcinga zethu ezonakaliswa ngokungcatshwa.

Isuku 16 – Levitikus 18:20 *Uze ungamlali umfazi wommelwana, ukuba uzenze inqambi ngaye.* UMarko 10:11,12 *Nokuba umfazi uthe wayala indoda yakhe, wendela kwenye, uyakrexeza*. UMateyu 5:27 – 28 *Nivile ukuba kwathiwa kumanyange, Uze ungakrexezi. Ke mna ndithi kuni, Wonke umntu okhangela umntu oyinkazana, ukuba amkhanuke, uslemkrexezile entliziyweni yakhe.* Thixo, othembekileyo siyaqonda sivuma kanjalo ukuba uMzantsi Afrika unetyala lokukrexeza. Sicela uxolo ngokungathembeki, noxa kungasezintliziyweni zethu. Nceda uphilise imitshato yase Mzantsi Afrika uze usincede sithembeke kwizithembiso zethu.

Isuku 17 – Levetikus 18:22 *Uze ungayilali into eyindoda njengokuba kulalwa umfazi: ngamasikizi lawo.* Abase Roma 1:26 –27 *Ngenxa yoko, uThixo wabanikela ekuthabathekeni okulihlazo; kuba namankazana abo umsebenzi wasemvelwni awananisel okunxamnye nemvelo; kwaza kwangokunjalo ke namadoda, ewushiya umsebenzi wenkazana wasemvelini, avutha ngokukhanukana kwawo, amadoda esenza kumadoda okuziintloni, ezamkelela umbuyekezo wokulahleka kwawo, abemelwe ke nguwo.* Bawo oyiNgcwele, siyasivuma isono soMzantsi Afrika sokulalana kwabanesini esifanayo nokulalana kwabafazi phambi kwakho. Siyayazi ngokwencwadi yabase Roma 1 ukuba kungenxa yokuba singakuzukisanga njengoMdali wethu ukuba le nto yenzeke kwilizwe lethu. Sicela uxolo ngokusebenzisa iindlela ezingezizo ezendalo kubudlelwano ngokobuni ukwanelisa iinkanuko zethu. Sicela impiliso nokuhlangulwa kwabo babotshwe sesi sono. Nceda ubuyisele kuthi ubudoda nobufazi obubudalele uzuko lwakho.

Isuku 18 – Levetikusi 18:23 *Uze ungalali nanye into ezi zitho ezine, ukuba uzenze inqambi ngayo; inkazana mayingazimisi phambi kwento ezitho zine, ukuze izekwe yiyo: kukuzingcolisa oko.* Mdali wezulu nomhlaba, sicela uxolo ngokuba ezi zenzo zokungazinzi zenzeke eMzantsi Afrika. Sineentloni yindlela isizwe esilahle ngayo imimiselo yakho. Siyasivuma phambi kwakho isono sokubingelela ngokubuni kunqulo lukaSathana, izithethe nemasiko malunga nenzala. Nceda sixolele ukhulule abantu bakowethu kule dyokhwe. Siyathandaza ukuba ukhalimele umoya wokurheletya kwisizwe sakowethu. Uze usihlambe usenze nyulu.

Isuku 19 – Yeremiya 3:2 – 3 *Phosa amehlo akho eluqayini ubone; kuphi a apho ungalalwanga khona? Wabahlalela ngasezindleleni, njengomArabhi entlango; walihlambela ilizwe h\ngokuhenyza kwakho, nangezinto zakho ezimbi. Yathintelwa ke imikhumezelo, ayeza nemvula evuthisayo; usuke wanebunzi lehenyukazi, akwavuma ukuba neentloni.* Thixo oNgcwele kakhulu, siyasiqonda sisivuma kanjalo isono sokuthengisa ngemizimba phambi kwakho. Sicela uxolo ngokungcolisa itempile yakho, sicela usihlangule kumoya wokuthengisa ngemizimba uze uphilise ubuyisele abo banyanzelika okanye bakhetha ukuzibandakanya nesi senzo. Sithandazela ukugwetywa kwabo benza isono sokusebenzisa amadoda nabafazi ukufumana inzuzo yemali. Siyakuvuma ukubandakanyeka ekulaleni nezilwanyana nokuvumela iintlobo ezohlukeneyo zokuhenda iinkanuko nemboniso yamamyala ebonakaliswa ezi ndabeni. Siyathandaza ukuba usihlambe sihlambuluke uthulule uMoya wakho wobuNgcwele phezu kwethu.

Isuku 20 – Izililo 5:1,11,15 *Kukhumbule, Yehova, okusihleleyo; Bheka, uyibone ingcikivo yethu. Badlwengule abafazi eZiyon, lintombi emzini wakwaYuda. Iphelile imihlali yentluziyo yethu. Ukuqamba kwethu kujike kwaba kukumbambazela.* Yehova, Thixo wethu, Nqaba yethu, uvuyo lumkile ezintlizeyweni ezininzi ngenxa yobugebenga ngokobuni nodlwengulo. Siyqonda ukuba akukho nammye kweli lizwe okhuselekileyo kokukuphatheka kakubi. Sicela uxolo ngokuvumela umoya wenkanuko usebenxe ngokukhululekileyo kuthi. Nceda usihlangule uze uveze imisebenzi yobumnyama eyenza uxinezelelo ebantwini beli lizwe. Nceda zisa impiliso kwabo bathe boniwa uze ugwebe aboni ubazise ebulungiseni nase lusindisweni lukaYesu Krestu.

Isuku 21 – Hebhere 10:22 *Masisondele sinentliziyo eyinyaniso, sinenzalisekeko yokholo, sifefiwe iintliziyo zethu, sisusiwe isazela esingendawo.* Wena oNgcwele nohlambulukileyo sifuna igazi likaYesu luihlambe imizimba nemiphefumlo yethu ngenxa yokungcola okwenziwe ngumbulo. Nceda usibuyisele sibe ngumtshakazi lowo umfunayo. Siyayinikela imizimba yethu njengedini eliphilileyo, elingcewle nelikholekileyo kuwe njengonqulo lwethu. Nceda ususe isiqalekiso ngenxa yobundlobongela kwilizwe lethu obubangelwe kukungabi nyulu kwethu. Sifundise ukuthobela, ukuhlonipha nokukhonzana omnye nomnye ngaphandle kokurhalela amandla okanye igunya elingaphandle kwakho. Buyisela kuthi inceba yakho kulo mhlaba.

(Umzekelo womthandazo wokuthandazwa kwisiza sombulo njengamaziko okungcakaza, amaziko abathengisa ngemizimba, iindawo zokuhlangana zamadoda alalanayo, imimandla yokuthengixa ngemizimba, imimandla yodlwengulo, njalo-njalo)

Bawo sisondela etroneni yakho yobabalo ngoNyana wakho uYesu Krestu. Siyakunqula njengoyena oNgcwele, uThixo ongaphezulu kubo bonke oothixo. Wena wedwa ufanelwe kukuba sikunqule. Lonke ilizwi eliphuma kuwe lihlambulukele yaye kuwe akukho ukungahlambuluki. Ngokwelizwi ilizwe lethu linetyala lombulo. Njengomzimba wakho siyalamkela ityala lesizwe malunga nesi sono. Siye sakutyeshela ukuthetha ngokuphandle ukuchasa umbulo yaye asenzanga ngokwaneleyo ukulumkisa abantu malunga nokungahlambuluki. Sizisa isizwe sakowethu phambi kwakho.

Ukulalana kwabazalanayo: Siyasivuma isono sokulalana kwabazalanayo. Siyavuma ukuba amalungu eentsapho kwisizwe sethu awasoloko ephethene ngentlonipho malunga nobuni. Siyavuma ukuba ebantwaneni umfanekiso waKho njengoMzali ungcoliswe sesisono. Sicela uxolo sithandazela ukuhlanjululwa kweentsapho, ukuphiliswa kwemiphefumlo eyaphukileyo, nokubuyiselwa kobudlelwana obuhlambulukileyo ngokobuni kwiintsapho zamakhaya. Nceda uphilise iinkumbulo zethu ezonzakaliswe kokukungcatshwa.

Ukukrexeza: Wena Othembekileyo, uzichaze njengoMyeni wendlu kaSirayeli, “umtshakazi”olungiselelwe isidlo “somyeni” siyavuma ukuba uMzantsi Afrika unetyala lokukrexeza. Sicela uxolo ngokungathembeki kwamadoda nabafazi abaninzi, nokuba kungangeeengcinga okanye izenzo. Nceda uphilise imitshato yesizwe sethu uze usincede sithembeke ukugcina izithembiso esizenzileyo.

Ukubula kwabangatshatanga (umzekelo: ukungahlambuluki: ukulalana kwabangatshatanga): Bawo usinikile imida malunga nobudlelana ngokobuni. Siyavuma ukuba ukubula kwabangatshatanga phambi kwakho. Siyasivuma isono sokubula sabangatshatanga phambi kwakho saye senziwe sabasisenzw esamkelekileyo emaxesheni amaninzi ngeendaba nangendlela yobomi bala maxesha. Sicela uxolo sithandaza ukuba isizwe sethu siphinde kwakhona sibe kunye nelizwi lakho malunga nokuhlambuluka ngokobuni phambi nasemtshatweni.

Ukulalana kwamadoda odwa nabafazi bodwa: Bawo udale abantu bangumfazi nendoda siyasivuma phambi kwakho esi sono samadoda alalanayo nabafazi abalalanayo into leyo awawungazanga wayimisa /wayidala. Sidanile yindlela isizwe sethu esilahle ngayo imimiselo yakho. Nceda sixolele ngokuvumela ezi zinto zenzeke kwilizwe lethu. Siyavuma ukuba sibatyholile abo babanjwe sesi sono endaweni yokubanceda ukuba bafumane ukuhlangulwa bafumane nempiliso ekuwe. Nceda usinike ukwazi novelwano kwabo babanjwe zizabatha zikaSathana. Siyathandaza ukuba ugwebe abantu kwisono kwaye uze uhlambulule umhlaba wethu kwisiqalekiso sokurheletya.

Ukuthengisa ngomzimba: Thixo, Bawo, siyasiqonda sisivuma kanjalo phambi kwakho isono sokuthengisa ngemizimba. Sicela usixolele ngokuthengisa ngomzimba sithandazela kanjalo impiliso nokubuyiswa kwabo banyanzeleke okanye bakhethe ukuzibandakanya nesi senzo sikwathandazela nokugwebeka kwabo basebenzisa amadoda okanye abafazi ukuzetyebisa. Siyavuma kanjalo ukubandakanyeka kwethu kwisenzo sokulalana okwenziwa kwiicomputer nangokuvumela iintlobo ezahlukeneyo zokuvuselela ukulalana eziboniswa koomabonakude nakwiincwadi. Siyathandaza ukuba Usihlambulule kuko konke ukuziphatha kakubi uthulule uMoya Wakho oyiNgcwele phezu kwethu.

Imifanekiso/Imibhalo evuselela iinkanuko: Bawo, siyavuma ukuba sivumele ukuba iingqondo zethu neengcinga zethu zonakaliswe yiimifanekiso nemibhalo evuselela iinkanuko efumaneka ezivenkileni ize iboniswe kusasazo ngeencwadi, iivideo, imiboniso bhanya-bhanya nokuzonwabisa kwiindawo ezinabantu abahamba ngaze. Siyaqonda ukuba ngenxa yezi zenzo siyagwebeka kukrexezo nokulalana kwabangatshatanga. Sisicelela uxolo esi sono. Nceda uhlambulule iingqondo zethu, iingcinga neemvakalelo ngegazi likaYesu wenze iingcinga zethu zilithobele iLizwi laKho. Sithandazela ukugwetywa nguMoya oyiNgcwele okuya kuthi kwenze yoonke lemifanekiso nemibhalo isuke esizweni nase bantwini ababanjwe zezi zenzo sikhululwe kule mbopheleko ngeGama likaYesu.

Ukudlwengula: Yehova, Thixo, Nqaba yethu, siyavuma phambi kwaKho isono sokuphatha kakubi ngokulalana nangokudlwengula elizweni lethu. Sicela uxolo ngokuvumela umoya weenkanuko usebenze ngokukhululeka nangokungakhathali ngesi sono. Nceda

usihlangule uvelise imisebenzi yobumnyama eyenza abantu bonakaliswe sesi sono. Nceda zisa impiliso kwabo bathe boniwa kwaye wohlwaye abo bathe bona ubazise ebulungiseni naselusindisweni olu kuKrestu.

Ukulala nezilwanyana: Bawo, Mdali wezinto zonke, siyavuma phambi kwaKho izenzo ezimasikizi zokulala nezilwanyana. Nceda uvelise imisebenzi yobumnyama ugwebe abo benza ezi zenzo ukunqula abanye oothixo, ukuze baze kuWe basindiswe. Siyathandaza ukuba ususe esi siqalekiso emhlabeni ngenxa yesi sono.

Izenzo zonqulo ngokulalana: Thixo Bawo, siyavuma phambi kwaKho izenzo ezininzi zobusathana nokunqula ngokulalalana ezenziwa ngabanqula usathana neenkolo zabahedeni. Siyavuma ukuba uninzi lwezithethe zethu zandisa ukuziphatha kakubi ngezenzo zokulalana nabantu abaninzi kwezindibano, imibhiyozo yokulalana nenkolo yokunqula ngokulala ukuze ukwazi ukufumana abantwana. Uya kubagweba abo bafunywana kwezi zenzo. Siyathandaza ukuba Ukhulule abantu baseMzantsi Afrika kwezimbophelelo zokunqula uSathana, nakweminye imimoya yonqulo ekwintlanga ngeentlanga.

Bawo, Thixo oMsulwa noNgcwele, siyalifuna igazi likaYesu Krestu ukuhlambulula imiphefumlo nemizimba yethu kuko konke oku kungcola okubangelwe kukuziphatha kakubi. Nceda usibuyisele kubaTshakazi Ofuna sibe ngabo. Sinikela imizimba yethu njengamadini aphilileyo angcwele nakholisekileyo kuwe: inkonzo yethu ke leyo yase ngqondweni. Nceda susa isiqalekiso sobundlobongela, esibangelwa kukuziphatha kakubi, emhlabeni wethu. Nceda ubuyisele iimpilo zethu kweli lizwe wandise ubomi bethu bokuphila kwakhona. Besinga, njengoMzimba Wakhosingabuye sibe negunya ngokwakwamoya kwimimandla Osinike yona ukuze siyilawule. Sifundise ukuhlonipha nokunceda omnye nomnye ngokuthoba singanqweneli amandla nakulawula ngaphandle kwaKho. Nceda susa zonke iziqalekiso emhlabeni ngenxa yezi zono ubuyisele inceba yakho eMzantsi Afrika. AMEN.

Ukophulwa kweminqophiso/izibhambathiso

UThixo weBhayibhile uzithyile eluntwini njengoThixo womnqophiso. KuAdam noEfa waba nguMdali (Elohim), kuAbraham wavela njengo Somandla (Elshadai), kuMoses wazichaza njengo"ndiNGUYE" (YHWH), waza ekugqibeleni, wazityhila njengoMsindisi (Messiah), uYesu Krestu. UThixo azange wawaphula umnqophiso wakhe noluntu, kodwa kwincwadi ye Gen 3 sifunda ngendlela abathi ngayo uAdam noEva bengabameli boluntu bophula umnqophiso ababenawo noThixo, ngokungamthobeli. Oku ngathobeki kwaba ngunobangela wokuba bona, noluntu banyanzeleke ukuba bahlale ngaphandle kokubonakalaliswa kobukho bukaThixo. Baza baphila impilo yokusebenza nzima nokubila. Onke amaxesha uThixo esenza umnqophiso wakhe nabantu, wongezelela iintsikelelo, kodwa acacise ngokupheleleyo imimiselo ayilindele kuthi. Xa sithe sakhetha ukwenza ngokuchaseneyo nomnqophiso wakhe, ngoko iziqalekiso zibalilifa lethu. Njengoko uThixo ethembekile kumnqophiso wakhe, ukwalindele ukuba nathi njengabantu abenziwe ngomfanekiso wakhe sithembeke kumnqophiso lowo. Bonke abantu abatshatileyo benze umnqophiso namaqabane abo wokuba abayikohlulwa nto lonke ixesha lobomi babo. Uqhawulo mtshato nokungathembeki emtshatweni kukungunobangela wokuophulwa komnqophiso. Kukhona umnqophiso okhoyo pkumakhaya wokuba umama notata bakhathalele abantwana. Amakhaya amaninzi abobunzima namhlanje kungenxa yokophulwa kwalo mnqophiso. Ukwakhona nomnye umnqophiso phakathi kukarhulumente nabemi balo ndawo. Xa sukuba imithetho elawulayo ikhetha abemi abathile ibenobulungisa kwabanye kwabanye bungabikho loo mnqophiso waphuliwe.

Iziphumo zokophulwa kweminqophiso zicacile eBhayibhileni. Umhlaba uyangcoliseka uze uzile (Isaya 24:5–6), umhlaba uqalisekile (Gen3:17), kungakho indlala, imfazwe nezifo ngenxa yesi sono.

Ngexesha likaYoshuwa (Yosh 9), amaSirayeli enza imiinqophiso nezinye zezizwe zase Kanana ukuba zizivumele ukuba zihlale. Emva kweminyaka engamakhulu amathathu anamashumi asibhozo, ukumkani wokuqala wakwaSirayeli uSawule, ekuzinikeleni kwakhe kwisizwe sakwaSirayeli nakwaJuda wawophula umnqophiso owawenziwe nguYoshuwa. Ngenxa yokuphulwa kwalo mnqophiso uThixo wazisa indlala ngethuba lokusondela kokuphela kokulawula

kukaDavide kwaSirayeli (Samuweli 11, 21). Uthe uDavide akubvuza kuYehova malunga nendlala leyo, wathi uThixo uyamgweba uSirayeli ngenxa yesigqibo sorhulumente odlulileyo sokophula umnqophiso. Kwincwadika Hezekiya 14:13,21, uThixo ucacisela umprofeti ukuba, ukuba ilizwe liyankaniza kwizenzo zokungathembeki (ngokophula umnqophiso kaThixo noluntu), iziphumo ziyakuba qatha zibe njengekrele (imfazwe, indlala, amarhamncwa nemeko zezulu eziza nentshabalalo) okanye iindyikityha zokufa (izifo). Ngokumalunga nesi sityhilile kumele sijonge isizwe sethu size siyiqonde into eyenzekayo. Kungaba uThixo uwise isigwebo ngenxa yokubaneenkani kwizenzo zokungathembeki eMzantsi Afrika? Sithini ngezifo ezifana nogawulayo ikholera imalariya okanye isifo sochwane nenyebethu? UThixo use nguThixo weBhayibhile nakaloku nje. Noxa siphila kwixesha lobabalo kumele siye etroneni yobabalo (amaHeb 4:16) sizicelele inceba ngexesha elifanelekileyo. Etroneni yobabalo siyakuhlangana nombingeleli omkhulu uYesu Krestu ome njengommeli wethu etarhuzisela thina malunga nezono zoMzantsi Afrika. Masimcele ukuba asixolele malunga nemimqophiso eyaphulweyo eMzantsi Afrika.

Umthandazo malunga neminqophiso eyaphuliweyo (lizinsuku 22-28)

Le mithandazo ilandelayo umntu angazithandazela yonke imihla okanye ingasetyenziswa nangamaqela omthhandazo:

Isuku 22 – Isaya 24:5 –6 *Njengokubalela emqwebedini, udambise ingxolo babasemzini; njengokudanjiswa kokubalela lithunzi lelifu, yathotywa ngokunjalo ingoma yabangcangcazelisayo. UYehova wemikhosi uya kuzenzela zonke izizwe isidlo sezinto ezityebileyo kule ntaba, isidlo sewayini egcinwe ngeentsipho, sezinto ezityebileyo ezinomongo, sewayini egcinwe ngeentsipho yaza yahluzwa.*
Yehova Thixo, womnqophiso, siyavuma ukuba uMzantsi Afrika unetyala lokophula umnqophiso wethu nawe. Siyophule imiyalelo yakho saza asayihoya imithetho yakho. Sicela uxolo sithandaza kanjalo ukuba ukhumbule umnqophiso wakho nathi okuYesu Krestu. Nceda ususe isiqalekiso esize kuthi ngenxa yokungathobeli imithetho yakho.

Isuku 23 – Yeremiya 3:1 –2 *"Kuthiwa, ukuba ithe indoda yamgxotha umkayo, wemka kuyo, waa ngowandoda yimbi, inokumbuyela na? Alingebi lihlanjelwe na elo lizwe? Wena ke uhenyuzile nezithandane*

ezininzi; unokubuyela na ke kum? Phosa amehlo akho eluqayini ubone; kuphi na apho ungalalwanga khona? Wabahlalela ngasezindleleni, njengomArabhi entlango; walihlambela ilizwe ngokuhenyuza kwakho.Nangezinto zakho ezimbi." Wena Othembekileyo, siyaliqonda siliavuma kanjalo ityala lethu phambi kwakho ngenxa yokuqhawulwa komtshato kwilizwe lethu. Amakhaya amaninzi aphasalakile nobomi butshabalele ngenxa yesi sono. Nceda xolela ukungathembeki kwethu nokufuna okukokwethu ngokungagcini izifungo neminqophiso esayenzayo emitshatweni. Sithandazela ukubuyiselwa kwemitshato, ubudlelwana obaphukileyo namakhaya nokuba uzise impiliso kwabo benzakeleyo. Sincede ukuba sithembeke, sikhonzane sakhane nokuba sisichase isilingo esiza kuthi.

Isuku 24 – Samuweli II 21:1 "*Ke kwabakho indlal ngemihla kaDavide iminyaka yamithathu, umnyaka ngomnyaka. UDavide wafuna ubuso bukaYehova. Wathi uYehova, Kungenxa kaSawule, nangenxa yendlu yamagazi akhe, ngenxa enokuba wabulala abaseGibheyon".* Yoshuwa 9:15 *Wenza uxolo nabo [abaseGibheyon] uYoshuwa, wabamisela umnqohiso wokubasindisa; zabafungela nezikhulu zalo ibandla.* Nkosi ePhakamileyo kaKhulu enguMlamleli womnqophiso omtsha, siyavuma ukuba uMzantsi Afrika unetyala lokwaphula izivumelwano ezenziwe phakathi kwabantu, eziye zaba ngunobangela wokuphalala kwegazi njengoko kwenzekayo ngexesha likaSawule. Nceda usixolele ngokungagcini ilizwi lethu esithe ngenxa yoko sajongana neminyaka yentlungu ngenxa yokufuna impindezelo,ubukrakra, intiyo nendlalayomoya kwilizwe lethu. Sifuna ukuhlanjululwa nguwe sifuna nokuba ususe ubutyala kuthi ngegazi likaYesu Krestu. Nceda usixolelanise nabo basonileyo uze uzise imbuyekezo apho kuyimfuneko yoko.

Isuku 25 – Isaya 10:2 *"Yeha abamisi bemimiselo yobutshinga, ababhali ababhala uxhamlo ukuze bazisunduze izisweli; zingafiki ematyaleni; bazihluthe ibango lazo intsizana zabantu bam; ukuba abahlolokazi babe lixhoba labo baphange iinkedama.* Luka 11:46 *Uyesu waphendula wathi "Yeha nani baqondisi-mthetho ngokuba abantu nibathwalisa imithwal enzima; nibe nina ngokwenu ningayichumkumisi imithwalo leyo nangomnye umnwe wenu".* Imizekeliso 21:*2 Zonke iindlela zendoda zithe tye kwawayo amehlo; Umlinganisi weentliziyo nguYehova*. Mlawuli phezu kweekumkani zomhlaba, siyaqonda sivuma ukuba uMzantsi Afrika unobutyala ngemithetho engenabulungisa, ecinezela

amahlwempu amalungelo awo nasekungenzini ubulungisa ukususela kwixesha labemi bokuqala, abalawuli nookumkani beli lizwe. Sicela uxolo. Nceda thulula inceba yaKho kuthi ukhokele iinkokheli zethu ukuze zenze izigqibo ezinobulumko. Uthi kwincwadi yeMizekeliso 21:1 ukuba intliziyo yokumkani isesandleni sakho. Nceda khokela iintliziyo zethu ekulandeleni imithetho yakho.

Isuku 26 – Yeremiya 22:*13* *"Yeha koyakhayo indlu yakhe kungebulungisa; namagumbi akhe aphezulu kungengokusesikweni, komkhonzisayo ummelwane wakhe ngelize*. Thixo wayo yonke intuthuzelo, siyaqonda kwaye sisivuma isono sokuphatha kakubi amahlwempu; ngokuhlawula kancinci ngukusebenzisa abantu ngenzuzo yethu. Nceda ubhentsise lonke urhwaphilizo nemisebenzi yobumnyama ebandakanya imali noqoqosho uze usincede sizalisekise uxanduva lwethu kumahlwempu, abasweleyo; iinkedama nabahlolokazi. Siyavuma intswela bulungisa ngeminyaka yobukhoboka ndendlala nengcinezelo eyazalwa yinkqubo yelo xesha. Nceda ususe ubutyala kuthi nentswela bulungisa uze usikhokele senze imbuyekezo apho iyimfuneko.

Isuku 27 – Hoseya 4:1 – 3 *Liveni ilizwi likaYehova; nyana bakaSirayeli; ngokuba uYehova ubambene nabemi belizwe eli; ngokuba kungekho nyaniso; kungekho nceba; kungekho kwazi uThixo kweli lizwe. Kukushwabula nokuxoka; nokuncinitha, nokuba, nokukrexeza; bagqobhozile, igazi liphathelele kwigazi. Ngenxa yoko ilizwe lenza isijwili, zithokombisile zonke izinto ezimi kulo; izinto eziphilileyo zasendle, neentaka zezulu, kwaneentlanzi zolwandle, ziyasuswa.* Thixo woZuko, siyaqonda kwaye siyalivuma ityala lethu lokungakholwa, lokungabinathando nokuba njengesizwe asikuqondi Wena njengoThixo wethu. Siyakuvuma ukuqalekisa, ukuxoka, ukubulal, ukuba nokukrexeza njengokwaphula umnqophiso naWe kwakunye nabanye abantu. Siyakuvuma ukungakwazi kwethu ukulwa ubundlobongela ngokuba sikutyeshele Wena kunye neeNdlela zaKho. Nceda usixolele uze uphilise esi sizwe.

Isuku 28 – iZikronike II 6:14 *Wathi "Yehova; Thixo kaSirayeli akukho Thixo unjengawe emazulwini nasemhlabeni ubagcinelayo umnqophiso nenceba abakhonzi bakho; abahamba phambi kwakho ngentliziyo yabo yonke".* Yeremiya 31:33 *"Nguwo lo umnqophiso endiya kuwenza nendlu kaSirayeli emva kwaloo ihla; utsho uYehova, ndiya kuwubeka umyalelo*

wam emibilinini yabo; ndiubhale ezintliziyweni zabo dibe nguThixo wabo babe ngabantu bam". Korinte I 11:25 – 26 *Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe; emva kokuba kudliwe; isithi, le ndebe ingumnqophiso omtsha osegazini lam; oku kwenzeleni ukundikhumbula. Kuba ngamaxesha onke enisukuba nisidla eso sonka; niyisele loo ndebe; niyakwazisa ukufa kweNkosi ide ifike.* Bawo siza kuwe eGameni likaYesu Krestu endaweni yabantu boMzantsi Afrika, uKukubulela ngokuba UnguThixo Ogcine umnqophiso waKho nenceba nabo bakulandelayo Wena ngeentliziyo zabo ziphela. Siyakubulela ngokwenza uMnqophiso oMthsa athe uYesu wawufumanela thina xa Wazinikela njengedini ukuze kuxolelwe izono zethu.

(Umzekelo womthandazo wokuthandazwa kwiziza zentswela-bulungisa, iminqophiso eyaphuliweyo, uqhawulo mtshato, njalo-njalo.)

Bawo, siyakubulela ngoYesu Krestu, ovule indlela ekuthe ngenxa yegazi lakhe sakwazi ukuqhakamshelana nawe. Enkosi ngegazi likYasu, uMnqophiso oMtsha, nangesithembiso sokuxolelwa kwezono. Thixo ogicina umnqophiso, Wena uthe wazityhila njengo Elohim, El-Shadai, YHWH, Yesu Krestu noMoya oyiNgcwele, siza etroneni yaKho yobabalo ngokuba thina boMzantsi Afrika siyadinga uncedo lwakho. Siyaqonda sivuma ukuba eMzantsi Afrika sophule iminqophiso naWe nomnye komnye. Siyavuma ukuba njengesizwe asikhange sihlale ngokwemiyalelo nemigaqo yakho. Thina, noobawo bethu, siphambukile ezindleleni zaKho salandela imiyalelo yeentliziyo zethu, ebezizindlela zentswela bulungisa emaxesheni amaninzi.

Iminqophiso nezivumelwano ezaphuliweyo: Thixo womnqophiso, siyavuma ukuba uMzantsi Afrika unetyala lokwaphula iminqophiso omnye komnye. Embalini yesizwe sethu senze izivumelwano omnye komnye kodwa sabuya sazophula ezo zivumelwano ngamaqhinga nobuxoki ekuthe ngamanye amaxesha kwangokuphalaza igazi. Siyavuma ukwaphulwa kweminqophiso phakathi kohlanga lwakwaNtu (amaZulu, amaSwazi namaXhosa); iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwamaZulu nabeSuthu, iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwamaXhosa, amaZulu, abaThwa namaQhakancu; iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwamaNdebele, abeSuthu nabeTswana; iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwamaZulul namaShangane; iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwamaVenda namaPedi;

iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwabaseYurophu nabaThwa; iminqophiso eyaphukileyo phakathi kwabaseYurophu namaXhosa; iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwamaBhulu namaZulu; iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwamaBritani namaZulu namaXhosa; iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwamaBritani namaBhulu; iminqophiso eyaphuliweyo phakathi kwamaBhulu nentlanga zomthonyama zaseMzantsi Afrika; iminqophiso eyaphuliweyo phakathi_____. (nawuphi na umnqophiso okanye isivumelwano okanye isibhambathiso phakathi kwabemi boMzantsi Afrika onolwazingazo). Sicela igazi likaYesu lisuse isiqalekiso emhlabeni ngenxa yale minqophiso yophuliweyo. Zisa impiliso noxolelwaniso eMzantsi Afrika samkelane sisikelelane omnye nomnye nezizwe zomhlaba ngoxolelwaniso. Nceda wakhe indlu yomthandazo yeentlanga zonke eMzantsi Afrika ezakuma ivumelane phambi kwetrone icele ukuba yenziwe intando yakho eMzantsi Afrika.

Imithetho nemigaqo engenabulungisa: (asibandakanyanga yonke imithetho kulo mthandazo. Nceda ukhokelwe nguMoya oyiNgcwele xa uthandazela le miba). awo, njengabantu base Mzantsi Afrika nezizukulwana_____. (uhlanga lwakho), sivuma imithetho engenabulungisa yesizukulwana sethu esidlulileyo. Siyayivuma siyiguqukela imithetho eylhlutha abantu awona malungelo abo njengabantu: imithetho yobukhoboka; umthetho wokubhaliswa kwabantu (ka 1950) nomthetho wemitshato ehlangeneyo (ka 1949). Siyayivuma siyiguqukela imithetho eyayi phakamisa uhlanga oluthile yaza yenza ucalucalulo nentiyo phakathi kweentlanga (umzekelo: umthetho we- Glen Grey ka 1894). Siyayivuma siyiguqukela imithetho eyakhupha ubuntu ebantwini yaza yabathoba isidima (umzekelo: umthetho wePasi nowe Afscheidingsheid ka 1846). Siyayivuma siyiguqukela imithetho eye yenza abantu abaphambukeli kwilizwe labo nakwizinto zabo: umthetho wokuhlaliswa kwabantu ngokobuhlanga (ka 1950); umthetho womhlaba ka1913 nowe 1936. Siyayivuma isyiguqukela imithetho eyenza ngokungenabulungisa kubahambi kwilizwe lethu. Siyavuma siguqukela imithetho nemimiselo edlulileyo nesqhubayo echasa iintlanga zamaJuda namaArabhu. Siyayivuma siyiguqukela imithetho engqamene nqo nokuchasa ilizwi lakho; ukuphunyezwa komthetho woqhomfo nokuphunyezwa komthetho wokugembula nelotto. Siyavuma siyiguqukela imithetho engenabulungisa eyenze impalalo gazi elingenatyala (umzekelo umthetho kaTshaka wokubulala abafazi abakhulelweyo emva kokufa

kukamama wakhe). Siyavuma siguqukela imithetho yobuhlanga ya _____ (uhlanga lwakho); echasene ngqo nelizwi lakho. Siyayivuma siyiguqukela imithetho engcatshe ithemba labantu kuWe

Uqhawulo mtshato: Wena uThembekileyo, siyaliqonda silivuma ityala lethu phambi kwakhongenxa yoqhawulo mtshato kwilizwe lakowethu. Amakhaya amaninzi achithakele nobomi butshabalele ngenxa yesi sono. Nceda xolela ukungathembeki nokufuna okukokwethu ekungagcinini izifungo esazenzayo zomtshato. Sithandazela ukophulwa kwemitshato, izivumelwano ezaphuliweyo namakhaya ukuze uzise impiliso kwabo bakhathazekileyo. Sincede ukuze sithembeke ukukhonzana nokuchasa ukulingeka okuza kuthi. Nceda buyisela ootata njengababingeleli beentshapho zabo uzise oomama nabantwana phantsi kokhuseleko lwentloko yekhaya.

Intswela-bulungisa: Bawo siza phambi kwakho sivuma iindlela ezininzi zentswela bulungisa kwisizwe sethu. Siyavuma siguquka ngesiqalekiso, ukuxoka nobusela kwisizwe sethu. Siyavuma siguquka ngokungabikho komthetho kwisizwe sethu. Siyavuva siguquka ngeendlela ezininzi ekophulwe ngazo umthetho kwisizwe sethungokungakhathali, ukunganoneleli nokungakahathaleli umthetho. Siyavuma siguquka ngokungakhathaleli abantu abathile besizwe sethu, ingakumbi abantu abadala nabantwana. Siyavuma siguquka ngokuba nomkhethe kwabo batshabalala ngenxs yendlala nezifo. Siyavuma siguquka ngokubamba izishumi zakho singazisi endlwini yakho khona ukuze abantu abaswelelyo bakhathaleleke. Siyavuma siguquka ngokufuna ulonwabo lwethu ngaphambi kokuthwala umthwalo wabo bakufutshane kuthi. Siyakucela ukuba ubuyisele amehlo okubona khona ukuze sibone into oyibona kwisizwe sethu, sive ngokwentliziyo yakho size sincede ngoncedo lwakho. Sincede sithathe uxanduva kwabo basweleyo sibondle size sibombese ngokwelizwi lakho. Langa iBandla lingabameli bakho abanyanisekileyo eMzantsi Afrika.

Bawo, njengomzimba wakho, sifuna ukuthatha uxanduva ngoMzantsi Afrika, ukuthandazela urhulumente, ukuthetha phandle endaweni yakho. Nceda usinike umonde into elungileyo, sithethe phandle ukuchasa leyo ingalunganga size sithethelele ngokungafihliso abo bacinizekileyo nababandazelweyo. Nceda hlangula uMzantsi Afrika kwityala lwentsela bulungisa ukophulwa iminqophiso nobudlelwana obophulweyo. Sihlambe ngegazi likaYesu uze uzise impiliso

nolwakhiwo ngokutsha lwesizwe sethu. Nceda susa isiqalekiso kulo mhlaba uze ubuyisele imveliso ukuze uvelise ukutya kwakhona. Tshabalalisa bonke ububi nokuchaphazeleka bobuhedeni okungeni kwisizwe sethu ngenxa yeminqophiso eyophuliweyo. Zisa impiliso kubantu bethu buze ubuso bakho bukhazimle phezu kwethu ngokwenceba yakho. Langa igama lakho lingazukiseka eMzantsi Afrika. Sanga singasisizwe esikukhonza ngobulungisa. Sanga singabizwa njengabasikelelekileyo ngenxa yokulunga Oyakukwenza kuthi. Thulula umoya wakho kweli lizwe egameni likaYesu Krestu uMbingeleli wethu oMkhulu.

Unqulo zithixo

Unqulo zithixo sisono ku Thixo ngokwakhe. Ukufanisa nokrexezo kwasemoyeni. Kukunqula nantonina okanye nobanina engengoThixo ngale ndlela azityhile ngayo eBhayibhileni, okanye ubeke ithemba lakho nakubanina ngaphandle kukaThixo. Siso kanye esi sono esaba ngunobangela wokuba u Thixo amise lo mthetho ulandelayo kwimithetho elishumi:- ndinguYehova U Thixo wakho; ndinguThixo onekhwele obuvelelayo ubugwenxa boyise koonyana kwesesithathu nakwesesibini isizukulwana sabandithandayo (Eksodus 20:5).

UThixo weBhayibhile ungaphezulu kwakhe naye nomphina uthixo onqulwa ngabantu nazizizwe. Ungcwele unamandla. Uhlala ebuqaqawulini ebungafikeleliyo. Akukho nkohliso okanye chaphaza lobumnyama kuye, usulungekile uthembekile. Uthembekile unyanisile elizwini lakhe. Kuphela koThixo owahlawula ityala labantu, ukuze abasikelele ngosindiso nobomi obungunaphakade. Kuphela ko Thixo ongahlali exesheni okanye kwimbali. Usisiqalo nesiphelo. Uthembekile ngobomi bethu. Kuye kukhona ubomi, novuyo olukhulu, intuthuzelo nothando eqinisekileyo nezithembiso zonke zomnqophiso wakhe. Ukufane ukuba nguThixo weli phakade. Akukho nto enokuthekiswa naye. Kusisithuko ukunqula into okanye umntu engengoThixo; ukubeka endaweni kaThixo ongumdali wezulu nomhlaba uthixo wobuxoki. Isithixo yiyo nantonina esetyenziswa njengomfanekiso onqulwayo endaweni ka Thixo ophilileyo. Ngamaxesha amandulo kukhona imifanekiso yonqulo; eyathatyathwa njengomfanekiso omele olo hlanga; amatye anqabileyo abebethi abantu bamandulo bakholelwa kuyo njengomfanekiso yezithixo zabo ethunyelwe ezulwini (umzekelo amatye

amnyama anqulwa ekaaba eMikha). Eminye imifanekiso ibandakanya iintsika ezimiswe endaweni ezibalullekileyo (umzekelo iintsika zezivivana), amatye (umzekelo amatye endalo anqulwayo okanye amatye amileyo; amatye aqingqiweyo) imithi (imithi yase Afrika ekukholelwa ukuba isiqhamo sayo sinempiliso izibonda ezimele imithi), ilanga ; inyanga; iinkwenkwezi izivivana ekubekwa iintyatyambo kuzo; iziqhumiso); imifanekiso emele imimoya ethile (izilwanyana ezimele izizwe zase Afrika; amakhakayi; amakhaka; igolide imivamba njalo-njalo)

Unqulo zithixo lubandakanya iingcinga imiyolelo ese zintliziyweni abahamba ngochasene nolwazi nelizwi lika Thixo (2 Korinte 10:5). Le nto ibandakanya ukunqula abantu (umzekelo ubuntu; urhulumente wabantu; ukunqulwa kwamagorha); ukurhala (ukunqula izinto eziphathekayo) inzululwazi (umzekelo ubukomanisi); ubuzwe ubuthandazwe (umzekelo xa ilizwe libaluleke ukodlula u Thixo) naxa inkqubo yenkolo ikhanyela ilizwi likaThixo elithi “akukho gama limbi ngaphandle kwegama likaYesu phantsi kwezulu elimisiweyo ebantwini esiya kusinda ngalo (Izenzo 4:12)

Wanyanzelisa isizwe sika Sirayeli ukuba sitshabalalise zonke izibingelelo nemifanekiso yothixo bobuxoki nokutshabalalisa lonke uhlobo lwemizila yonqulo kwisithethe sabo (iDut12:3). Ngenxa yokuba isizwe sakwa Sirayeli singazangea sayenza lo nto sabanjiswa zithixo baba sisizwe esiphila phantsi kwesiqalekiso sika Thixo (Abagwebi 2:2).

Isigaba sokuqala apho u Thixo wagweba isizwe siku Genesis 11; apho abantu bahlanganisana ngenjongo yokuzenzela igama, baza bachithachithwa emhlabeni wonke. Uthixo uphinda-phindile ukulumkisa ngokubeka ithemba kwingcinga zalo mntu okanye kwingcinga zenye indoda (Indumiso 33:10; Isaya30:1; Yeremiya18:12, Rom 2:1;2) Ukusuka apho ufuna ithemba libekwe kuye

Umthandazo omalunga nonqulo zithixo (Iizinsuku 29-49)

Isuku 29- Yeremiya 2:5*:- Uthi u Yehova kuthi; bafumana bubi buni na kum ooyihlo le nto bakhwelela kude kum; balandela izinto ezingento; baba yinto engento?* 2 Korinte 6:17:- *Unasahlulo sini na okholwayo nongakholwayo? Inandibano ni nake itempile ka Thixo nezithixo? Kuba nina niyitempile ka Thixo ophilileyo; njengokuba watshoyo u Thixo*

ukuthi ndiyakuhlala phakathi kwabo ndibe nguThixo wabo; babe ngabantu bam bona. Kungoko ndithi kuni phumani phakathi kwabo nizahlule itsho inkosi. Yehova ungu Thixo woThixo wenkosi yenkosi. Ungu Thixo onamandla onke; ungubawo oyakuhlala ngonaphakade; olilungisa. Siyakuqonda sikuvuma ukuba thina noobawo mkhulu bethu akhange sithembeke siye saqubuda kwabanye oothixo kwesi sizwe savusa umsindo wakho. Sivumele iintliziyo zethu zithabatheke zizinto zibonakalayo: ukubawa; ukuhlala kakuhle nezithethe. Siqubuda phambi kwakho njengoThixo ofanele ukunqulwa sithi. Sivakalisa umnqweno wokubuyela kuwe njengesizwe, sikwazi njengo Thixo wethu, sithobele iindlela zakho. Nceda uxolele ukungathembeki kwethu kuwe.

Isuku 30 – Yeremiya 3:9 – *Kwathi; ngenxa yesandi sokuhenyuza kwalo; lahlanjelwa ilizwe; lakrexeza namatye nemithi.* 2 Ookumkani 17:9-11 – *Oonyana bakaSirayeli benza ngasese izinto ezingezizo ku Yehova u Thixo wabo; bazakhela izigaga emizini yabo yonke; kwathabathela kwinqaba yababoniseli kwesa kumzi onqatyisiweyo. Bazimisela izimiso zamatye noo Ashera ezindulini zonke ezinde; naphantsi kwemithi yonke eluhlaza; Baqhumisela khona ezigangeni zonke njengeentlanga awazifudusayo u Yehova ebusweni babo.* KwabaseRoma 1:23 – *Baza ubuqaqawuli buka Thixo ongenakonakala babananisela intsobi yomfanekiso womntu onokonakala; noweentaka; nowezinto ezizitho zine; nowezinambuzane.* Bawo siyavuma futhi sikuqonda ukona kwethu malunga nonqulo zithixo eMzantsi Afrika. Siyavuma siguquka ngenxa yeendawo ezinintsi apho kumiswe imifanekiso yezithixo neyabantu engazukisi igama lakho. Siyavuma siguquka kanjalo ngeentsika zonqulo ezinintsi kwilizwe lakowethu nangonqulo lwamatye; nemithi ngeenkolo ezingabizi egameni lika Yesu krestu umsindisi. Nceda yiba nenceba kuthi njengesizwe usikhulule kwesi sono nobukhoboka ngegazi lika Yesu Krestu. Thixo Bawo siyavuma siguquka ngokunqula ezintabeni; ezindulini; emilanjeni; emaweni; iilwandle; namahlathi kwilizwe lethu. Siyaguquka ngokunqula amatye; imithi; sibiza komoya bomhlaba namanzi. Siyakuqonda ukuba nguwe kuphela u Thixo onyanisekileyo futhi ke asenelanga ukukunqula ngolu hlobo. Nceda sixolele usihlambe egazini lika Yesu Krestu, uNyana wakho owafa endaweni yethu emnqamlezweni.

Isuku 31 Isaya: 19;34 – *Wothiwa qongqololo umoya wamaYiphutha phakathi kwawo; ndilicinge icebo lawo; aquqele kwizithixo ezingento nakwabadumzelayo; nakwabemishologu, nakoosiyazi; ndiwavingcele*

amaYiphutha ngesandla senkosi esilukhuni; alawulwe ngukumkani onengcwangu itsho iNkosi uYehova wemikhosi, Izikronike1:9:13-14:- *Wafa ke uSawule ngokumemeza kwakhe ku Yehova angaligcinanga; kwangokubuzisa kwakhe konoshologu; ngokuquqela kuye; akaquqela ku Yehova wambulula ke waguqukela ubukumkani ku Davide unyana ka Yesse.* Thixo bawo sivuma isono sokuvumisa nesosiyazi ngokumalunga nekamva lethu endaweni yokubuza ku Thixo onamandla onke onguYise weNkosi yethu uYesu Krestu. Siyasiguqukela isono sethu sicela uxolelo kananjalo ngegazi lika Yesu. Nceda ubuyisele ubuhlobo bethu nawe.

Isuku 32 – Indumiso 52:7 – *Nanko umfo ongamenzanga igwiba lakhe uThixo; owakholosa ngobuninzi bobutyebi bakhe waba nengcwangu ekweyeliseleni kwakhe* Isaya 5:8 – Yeha abahlomela indlu kwindlu; abasondeza intsimi kwintsimi kude kungabikho ndawo; nihlale nedwa phakathi kwelizwe: Luka 12:15 – Wathi ke kubo lumkani; nizilinde ngasekubaweni; ngokuba ubomi bomntu abumi ngabuninzi bempahla yakhe. Kolose 3:5 Bhubhisani ngoko amalungu enu asemhlabeni: umbulo; ukungcola; ukuthabatheka okuhlazisayo; inkanuko embi nokubawa; okuyinkonzo yeziThixokona oko:- Bawo siyavuma siguqukela izono zokubawa nokuthanda izinto ezibonakalayo. Siguqukela umba wokuba akhange sikhathalele amahlwempu, kodwa sisuke saqokelela thina izinto. Siyavuma siguquka ngokufuna ubutyebi endaweni yokuthemba wena siphinde sathemba isithixo sethamsanqa nokungcakaza ukuze sifumane izinto esizidingayo endaweni yokuthemba wena. Nceda sixolele usihlambe ngegazi lika Yesu Krestu umbingeleli omkhulu.

Isuku 33 - 1:Izikronike 16:26 - N*gokuba bonke oothixo benzizwe abanto yanto; Uyehova yena wenza amazulu.* Thixo Bawo; wena wenza amazulu, siyakuvuma siguqukela izono zobuzwe nobuthandazwe. Siyavuma ukuba sithembe iindlela zethu ukukhusela ikamva lethu kwelilizwe. Siyavuma ukuba sithabathe uzuko lwethu njengabantu base Mzantsi Afrika nama_____ (uhlanga lwakho) njenolubalulekileyo ngaphezu kobukumkani bakho. Nceda sixolele egameni lika Yesu.

Isuku 34 - Ilevitikus 19:26 – Ize ningadli nto inegazi ize nirigahlabi sihlabo, ize ningabi ngamatola. Iduteronomi 18: 10-11 – Maze kungafunyanwa namnye kuwe ucandisa unyana wakhe nentombi yakhe emlilweni, novumisayo; nolitola nolishologu nosiyazi noquqela

kwabafileyo. Thixo Bawo siyavuma siguqukela izono zokuvumisa nokuthakatha; ukucalulwa kwemibono (umzekelo: ukulahlwa kwamathambo okanye amakhadi), ubugqwirha nokukhafula elizweni lethu. Nceda usixolele uze usikhulule kobu bukhoboka ngegazi lika Yesu. Nceda usigwebe ezonweni nase bulungiseni ngomoya oyingcwele.

Isuku 35 – Detoronomi 12:3 –4 *Zichitheni kuphele zonke iindawo, apho iintlanga enizigqogqayo zabakhonzela khona oothixo bazo, eintabeni eziphakamileyo, nasezinulini, naphantsi kwimithi yonke eluhlaza; nizidilize izibingelelo zazo, niziqhekeze izimiso zazo zamatye, nibatshise ngomlilo ooAsera* bazo, niyixakaxe imifanekiso eqingqiweyo yoothixo bazo, nilicime igama lazo kule ndawo. Ize ke ningenjenjalo kuYehova uThixo wenu.* Thixo Bawo, siyavuma siguquka ngokunqula iintaba, iinduli imilambo, amawa, iilwandle namahlathi kwilizwe lakowethu. Siyakuguqukela ukunqula amatye nemithi sibiza imimoya yomhlaba namanzi. Siyakuqonda ukuba nguwe kuphela uThixo onyanisekileyo kwaye awumelwanga kunqulwa ngale ndlela*. Nceda sixolele uze usihlambe ngegazi likaYesu, owafa endaweni yethu emnqamlezweni.*

Isuku 36 – Iduteronomi 4:19 *Hleze uwaphakamisele ezulwini amehlo akho; ubone ilanga nenyanga neenkwenkwezi; wonke umkhosi wasezulwini; uwexulwe; uzinqule; uzikhonze; uYehova uThixo wakho azebele izizwe zonke phantsi kwezulu lonke:-* Yehova Thixo owenza izulu; ilanga; inyanga; iinkwenkwezi; umhlaba eMzantsi Afrika. Siyaguquka ngokusebenzisa izidalwa ukuchaza ikamva nobomi bethu. Nceda sixolele usihlangule ekwenzeni ezo zinto. Egameni lika Yesu sicima konke ukuvumisa ngobomi bethu, ubomi babantwana bethu nesizukulwana esizayo. Siyathandaza ukuba uMoya oyingcwele wakho uzise ukuzola kwisono; ubulungisa elizweni lakowethu.

Isuku 37 – Hezekile 23:27 *Ndowaphelisa amanyala akho nokuhenyuza kwakho kwasezweni lase Yiphutha; ungabi sawaphakamisela amehlo akho kuwo ungabi salikhumbula elase Yiphutha:-* Bawo lonke uluntu luyavuma luguquka ngendlela ezininzi abantwana bethu ababingelela ngayo kwizithixo; iziyobisi; isondo; izithethe; nonqulo lwemali. Nceda ujikele iintliziyo zoyise (nonina) kubantwana; nentliziyo zabantwana zibuyele kubazali. Yakha ngokutsha amakhaya elizweni lakowethu

njengendawo yokhuseleko apho abantwana bayakufundiswa iindlela zakho bahlangane nawe.

Isuku 38 – Yeremiya 14:22 *Phakathi koothixo abangento beentlanga bakho na bakho na abangamisa imvula? Asinguye na Yehova u Thixo wethu?* Sithembe wena ngokuba uzenzile wena zonke izinto:- Bawo siyakuqonda ukuba nguwe kuphela u Thixo onakho ukumisa imvula usikelele ilizwe lethu ngokulunga. Sibeka ithemba lethu kuwe futhi kuwe wedwa. Siyavuma siguquka ngenxa yamasiko/ amadini okwenza imvula kwilizwe lakowethu. Nceda sixolele ususe isiqalekiso sezizinto kuthi egameni lika Yesu. Thulula umoya wakho kweli lizwe uzise udano lwesono, nobulungisa.

Isuku 39 – Duteronomi 7:25-26:- *Imifanekiso eqingqiweyo yoothixo bazo woyitshisa ngomlilo; uze ungayinqweneli isilivere negolide ekuzo; ungayithabatheli kuwe; ibe ngumgibe; ngokuba lisikizi ku Yehova u Thixo wakho. Uze ungalingami isikizi endlwini yakho, ukuze ungabi yinto yokusingelwa phantsi njengalo. Ize ibenezothe kuwe; ibe linyala kuwe; ibe lisikizikuwe; ngkuba yinto yokusingelwa phantsi:-* Yehova Thixo siyavuma siguquka ngokuvumela imifanekiso yezithixo emakhayeni ethu. Siyavuma siguquka ngokuvumela iingqondo zethu zingcoliswe yimifanekiso yezithixo ngeendaba nomabonakude. Nceda sihlambe ngegazi lika Yesu. Egameni lika Yesu Krestu siyawuchasa umsebenzi wonqulo zithixo kwiindaba esizweni sethu. Nceda sihlangule kwezi zinto.

Isuku 40 – Isaya 28:15 *Ngokuba nisithi, sinqophisene nokufa; sivumelene nabafileyo; isibetho esingumkhukula, xa singenelayo; asiyi kufika kuthi; kuba amanga siwenze ihlathi lethu; sasithela ngobuxoki:-* Kwabase Efese 5:13*:- Kuba izinto ezenziwa ngabo emfihlakalweni kulihlazo nokuzithetha,ke zonke ezi zinto zakohlwaywa ziyakubonakalaliswa kukukhanya.* Bawo wobomi siyavuma siguqukela izizwe ezinqabileyo kwizizwe sakowethu ezithe zagcina amawaka abantu phantsi kobukhoboka. Siyathandaza ukuba ubonakalise ekukhanyeni imisebenzi yobumnyama. Uze ukhulule abantu. Siyavuma siguquka ngokunqula usathana kumasiko obugqi nemisitho yolwaluko. Nceda sixolele ngenxa yezifungo ezenziwe ziinkokheli zethu.

Isuku 41 – Duteronomi 18:10 *Maze kungafunyanwa namnye kuwe ucandisa unyana wakhe nentombi yakhe emlilweni; novumisayo;*

nolitola nohlaba izihlabo, nokhafulayo:- Bawo siyavuma siguquka ngenxa yamadini amasiko amaninzi njengokuhamba emlilweni nokuvumisa kwisizwe. Siyathandaza ukuba uthulule umoya wakho phezu kwethu uze usihlambe ubugwenxa bethu. Nceda uzise ukuzisola ngenxa yesono phezu kwabantu belizwe lakowethu.

Isuku 42 – Isaya 65:3;4:- *Abantu aba bandiqumbisayo ngamaxesha onke basebusweni bam bebingelela emyezweni beqhumisela eziteneni, behleli emangcwabeni, belalisa ezindaweni ezinqabileyo*:- Yehova Thixo siyavuma siguquka ngezenzo ezininzi zobusathana ezenziwa kwilizwe lakowethu. Nceda uyivelise lemisebenzi yobumnyama uze uhlangule bonke abanjiswe ngulo mnatha egameni lika Yesu Krestu.

Isuku 43 – Isaya 5:21 *"Yeha abalumkileyo kwawabo amehlo abanengqondo kokwabo ukubona!"* Jeremiya 7:24 – *"Ke abaphulaphulanga, abayithobanga indlebe yabo; bahamba ngamaqhinga, ngobungqola bentliziyo yabo embi, bendinikela umhlana, ayaba bubuso."* Jeremiya 17:5 – "*Utsho uYehova ukuthi iqalekisiwe indoda ekholose ngomntu, oyenza inyama ingalo yayo, intliziyo yayo imke ku Yehova; "* Bawo, sivuma isono sethu e Mzantsi Afrika sokuba thina apha siye sawasusa amehlo ethu kuwe sawanamathisela ebantwini sathembela ngabo ukuba basisindise, siyaguquka ke kweso sono. Besingabalumkileyo kwawethu amehlo namhla siyasivuma eso sono. Sincede sixolele ukuba sithe savuma indlela zabantu kwanentando yabantu ukuba ilawule iintliziyo zethu singabi phantsi kolawulo lwakho sihambe ngokwendlela zakho.

Isuku 44 – Abase Roma 2:24 *"Wena ke uqhayisa ngomthetho, uyamhlazisa u Thixo ngokugqitha umthetho? Kuba igama lika Thixo linyeliswa ngenxa yenu phakathi kwazo iintlanga, njengoko kubhaliweyo. Igama lika Yehova linyelisekile phakathi kweentlanga ngenxa yenu".* Nkosi Thixo, siyavuma izono zethu yaye siyaguquka silibandla lakho e Mzantsi Afrika, kuba abantu abaninzi abafuni kukulandela kuba asikhange sikubonakalise kubo ngendlela efanelekileyo. Sifuna ukulungelelanisa indlela zethu sibuyele kuwe. Sincede, sicoce kubunyhukunyhuku bethu nesono sethu ubuse izikreqo zethu ngokwesithembiso sakho.

Isuku 45 – Obadiya 1:3 *Ukukhukhumala kwentliziyo yakho kukulukuhlile, wena uhleliyo emfanteni wengxondorha, okhaya*

*liphezulu, othi entliziyweni yakhe, ngubani na oya kundihlisela ehlabathini ku Yehova u Thixo ongaphezu konke u El-shadai. S*iyazithoba kuwe sivuma izono zethu saye siguquka kuso isono sempakamo nekratshi esinazo apha eMzantsi Afrika; sizele likratshi lokuba sisisizwe esinakho ukukhokela ezinye izizwe sizikhokhelela kwimpumelelo, elo xesha thina thina ngokunokwethu asinanto esifanele ukuba singazingca ngayo. Siyavuma ukuba akukho nanye into sisesisizwe esifanele ukuba singazingca ngayo. Sifuna wena ube nguThixo wethu. Sixolele ngaye unomgogwana wozinzo nokuthembela kwezizezethu iindlela. Sibuyisele kubo ubudlelwane kunye nawe.

Isuku 46 – UHezekile 16:49 – *Nabu ke ubugwenxa be Sodom umsakwenu; yabe ilikratshi, nokuhlutha sisonka, nokuchulumanca, yona namagxamesi ayo, ayabamba ngesandlabaziintsizana nabangamahlwempu*. Bawo, siyavuma okokuba asikhange sikhathale asayikhathalele imeko yabasweleyo nabahluphekileyo, kuba uninzi lwethu singoontamo-lukhuni, oziphilele abachamayo nabathandi beziyolo. Sincede, sixolele ngokungasi so kubuhlwempu obusingqongileyo. Siphe intliziyo efana neyakho yokunakekela amahlwempu size sibenakho ukolula isandla kuwo.

Isuku 47 – Indumiso 106: 6,8 *Sonile, thina Thixo noobawo; senze ubugwenxa, senze okungendawo. Wabasindisa ngenxa yegama lakhe, ukuze abazise ubugorha bakhe*. Bawo Thixo, sima kuwo umnqophiso wesithembiso ngokwelizwi lakho. Siyavuma ukuba sonile, njengoko benzayo nobawo bethu, siyaguquka kwinkohlakalo esinayo. Sisindise Bawo ngenxa yelizwi lakhe. Nceda Bawo ubuqaqawuli bakho mabuqaqambe phezu komzantsi Afrika usibuyisele kuzo inceba zakho.

Isuku 48 – Isaya 8:19 *Xa bathe kuni, ongekafani kwabaneshologu nakoosiyazi, abalozayo, abadumzelayo, yithini "Abantu mabangaquqeli ku Thixo wabo, yini na?. Ngenxa yabaphilileyo nabaquqela kwabafileyo na?* Bawo, sizimisa phambi kwetrone yakho ukuqononondisana no Thixo ophilayo. Sibonise Nkosi iinjongo zakho ngoMzantsi Afrika nabemi bayo. Sifuna ukulandela iindlela zakho nemithetho yakho. Susa kuthi iziqalekiso zokunqula izithixo. Buyela e Mzantsi Afrika usityhilele sibuve ubukho bakho izwe lazi ukuba kukho u Thixo eMzantsi Afrika.

Isuku 49 - Indumiso 33:12 – Hayi uyolo lohlanga oluThixowalo ungu Yehova; lwabantu abanyuliweyo babalilifa kuye. Sigoba amadolo

phambi koYise weNkosi yethu uYesu Kristu. Siyakholelwa kuwe sivuma okokuba siya kunqula wena wedwa. Siyazithoba kuwe isizwe siphela sikubongoza okokuba ubenguye u Thixo woMzantsi Afrika. Nceda khumbula umnqophiso wakho ngaye uYesu Kristu ulivumele igazi lika Yesu emazulwini ukuba lisithethelele. Nceda khumbula izithembiso sakho sikwincwadi iLevitikusi 26:40-42. Nceda yiza uphilise ilizwe lethu. Nceda yehla uwenze uMzantsi Afrika indawo yakho yokuhla. Thulula u Moya wakho kwelilizwe ulenze igama lakho liphakanyiselwe phezulu, linqulwe kwelilizwe.

Umzekelo womthandazo omele ukuze wenziwe xeshikweni kuthandazwa kwindawo yezithixo.

Bawo wazityhila kubantu bakho amaSirayeli njengo Yehova nothe wasinika igama lika Yesu Kristu njengegama ekukuphela kwalo emhlabeni nasemazulwini elinokuthi abantu babe nokusindiswa ngalo babuyiselwe ekubeni babe nobudlelwane no Thixo, siyaqubuda phambi kwetrone yakho. Siyavuma okokuba ungokukuphela kwakhe u Thixo ophilayo, nokuba akukho wumbi U Thixo ungenguwe. Nguwe wedwa umdali wezinto zonke emazulwini nasemhlabeni. Ongoyingcwele U Thixo uSomandla noyakuthi onke amadolo agobe phambi kwakhe nazo zonke iilwimi ziyakuvuma okokuba uYesu Kristu yiNosi. Siyakuvuma sikwamkela njengo Thixo siyazithoba sizinekela kuwe nakuzo indlela zakho.

Siyabulela ngegazi lika Yesu Kristu elithethayo ezulwini ngawo umnqophiso omtsha. Sibiza kuYesu Krestu njengoMbingeleli oMkhulu noMthetheleli ukuba akhunge ngenxa yoMzantsi Afrika. NjengamaAfrika aseZantsi sivuma amatyala ethu okukhonza izithixo sisesisizwe. Siyavuma siguquka kuzo zonke iintlobo zokukhonza izithixo nesathi thina kunye noobawo bethu sazifaka kuzo. Siyakhala sibongoza inceba yakho egameni lika Yesu Kristu. Sibuhlungu ngokuba sakulahla ukuba ubenguThixo wethu saza saqubuda kwizithixo. Nceda Bawo sixolele ubujike ubuso bakho bukhanye phezu koMzantsi Afrika.

Siyavuma siguquka kananjalo ekukhonzeni ubutyebi ngokunyolukela izinto zelizwe, ukugembula ngendlela zonke. Siyavuma siyaguquka kunqulo lukasathana nokufa, ngobugqi. Siyavuma siguquka ekukhonzeni _____ (Chaza isithixo esinqulwa endaweni yakho, umzekelo, uNonqumbulwana, uMujau, isithixo semvula),

isanuse, oothikoloshe, izinyanya, iintaba, amawa, amachibi, iilwandl. Siyavuma siguquka ngokunqula izivivavana zokufa, izivivana zoothixo bamaRoma namaGrike noothixo beemfazwe neendawo zezikhumbuzo zamagorha embali yethu. Siyavuma siguquka ngokuvumela imifanekiso yezithixo emakhayeni ethu, ezicaweni nakwizakhiwo zikawonke-wonke. Siyavuma siguquka ngokusebenzisa imifanekiso yeenkolo kwezinye izixeko needolophu nezakhiwo. Siyaguquka ekukhonzeni ilanga, inyanga kwanenkwenkwezi nasekukhonzeni iingelosi nabantu bethu abafayo. Siyavuma siguquka kanjalo ngeendlela ezininzi eluthe ulutsha lwethu lwabandakanyeka ekunquleni usathana nezinye iinkolo.

Siyavuma siyaguquka ngeendlela ezininzi esithe sazisebenzisa ukuqhakamishelana namandla emimoya yamagqirha, amaxhwele, abakhwitshi abathandazeli, imiculo abavumisi, nakubo bonke oomoya abangengabo abakaThixo. Siyavuma siguquka kubugqwirha, ukukhafula nobugqi obumnyama nobumhlophe esizweni sethu. Siyavuma siguqukela iindlela ezininzi zokuvumisa umzekelo ukulahlwa kwamathambo, abafunda izandla, amakhadi, kwanenkwenkwezi njalo-njalo.Siyavuma siyaguquka ngezenzo zokuthakatha nokuqalekisa abanye abantu, iintlanga nezizwe. Siyathandaza ukuba ucime zonke izenzo zobugqwirha neziqalekiso ngegazi likaYesu Krestu uze utshabalalise namandla azo. Siyavuma siguquka ngeminyhadala evule ucango kwizenzo zobugqwirha esizweni sethu. Siyavuma siguquka ngemizobo engahloneli igama lakho. Siyavuma siguquka ngezithethe zethu ezichasene neLizwi laKho (chaza eso sithethe umzekelo,ukuhamba emlilweni, ukwenza imvula). Siyavuma siguquka ngeendlela ezininzi zeenkolelo kumasiko nezithethe ethu (chaza iinkolelo, umzekelo, iinyoka nezinyanya, umntwana wesingxobo). Siyavuma siguquka ngokukhathalela izithethe namasiko ethu kunokuba sikhathalele wena neendlela zakho. Siyavuma siguquka ngokusebenzisa iLizwi lakho ukulungisa unqulu lwamasiko nezithethe zethu. Siyavuma siguquka ngeendlela ezininzi esingcolise ngazo ilizwi likaYesu noMoya oyiNgcwele ngamasiko nezithethe zethu.

Siyavuma siguquka ngokunqula uluntu ngokukhonza abantu nangufuna ukulawula ngokulinganayo. Siyavuma ukuba sibengabanobulumko emehlweni ethu sasebenzisa iindlela zethu ukukhusela ubuntu bethu. Siyavuma ukuba sithe sanqula ilizwe lethu ngokuthanda isizwe sethu nobuhlanga bethu ngokobuzwe. Siyavuma siguquka ngokunqula iziqu zethu ngokuzonwabisa nangobutyebi

singakhange sikhathalele amahlwempu nabasweleyo. Siyavuma siguquka ngekratshi nokuziphakamisa ezintliziyweni zethu.

Yehova Thixo, siyavuma ukuba oobawo bethu, nathi siye sabskude nawe neendlela zakho. Siyaguquka sikwabuyela kuwe kanjalo. Sifuna ukulandela wena neendlela zakho. Siyavuma ukuba iindlela zakho zilungile zaye zikhokelela elusindisweni nasekwakhiweni ngokutsha. Siyathandaza ukuba usixolele ngegazi likaYesu Krestu. Nceda susa isiqalekiso kwisizwe sethu esibangelwe lunqulo zithixo, ngegazi lika Yesu Krestu. Nceda ube nenceba uze ususe isigwebo sezifo kwisizwe sethu. Nceda zisa impiliso kwabo bafa ngugawulayo, malariya, kholera, umhlaza nezinyo izifo ezibangelwa sisono. Nceda buyisela impilo kwilizwe lethu. Nceda chukumisa umhlaba wethu ukuze uvelise ukutya kwakhona kwabantu. Nceda buyisa uqoqosho lwethu ukuze abantu baseMzantsi Afrika bakhathaleleke. Nceda bona ukungcikiveka kwamahlwempu kwisizwe sethu uze uqhawule idyokhwe yendlala eze ngenxa yonqulo zithixo. Egameni likaYesu Krestu siyazivala iingcango zamasiko nezithethe, ubusathana, iinkolelo kwizithethe inkolo yaseNtshona nezinye inkolo ezingamvumiyo ukuba uYesu Krestu unguMsindisi. Bawo nceda thulula umoya wakho ngendlela evuselelayo kweli lizwe. Vusa intliziyo yebandla lakho ukuze libe ngumthshakazi wakho onyaninisekeleyo. Vusa indlu umthandazo ngomoya wakho, eyakubiza egameni lakho imini nobusuku kweli lizwe. AMEN

Ukunikelwa koMzantsi Afrika kuYehova

Isuku 50 - Usuku lokuthandazela izwe lonke, idolophu kunye nesixeko.

Umthandazo wokuzinikela

O Thixo Bawo, Yise kaYesu Krestu, akakho uThixo emazulwini phezulu okanye emhlabeni phantsi ofana aWe, Ogcina umnqophiso waKhe kwa nenceba nabakhonzi baKhe abahamba phambi kwaKho ngeentliziyo zabo ziphela. Uyalawula phezu kwazo zonke izikumkani zezizwe, kwaye esandleni saKho kukho amandla nobungangamsha. Sikhona namhlanje phambi kwaKho njengabameli beBandla laKho eMzantsi Afrika, egameni likaYesu Krestu owafela thina emnqamlezweni. iyazithoba phambi kobukhulu baKho. Siyaqonda ukuba akukho mntu okanye isizwe esingenatyala phambi kwakho, ngoko sithandazile

avuma saza saguqukela ityala lethu njengesizwe. Uthembisile uxolele ngegazi likaYesu Krestu kwincwadi kaLuka 24:46 - 47, kwaye ngoku siyalwamkela uxolelo oluza ngobabalo eenceba zaKho. Siza ngokuzithemba phambi kwetrone yaKho endaweni yesizwe sethu uMzantsi Afrika. Siyathandaza, Bawo, malithi iliZwi lakho lizaliseke Olithethileyo - yiva ezulwini ukuze wenze ubuso baKho bukhanye phezu kwesisizwe. Sinikela umhlaba kwakunye nelizwe lethu kuWe. Siyakumema ukuba uze uhlale nathi. Nceda ubuyisele intliziyo zethu kuWe nakumnqophiso waKho kunye nathi, kuYesu Krestu. Senze sihambe kwiindlela zaKho nangokwemimiselo yaKho uze usikhusele kumaqhinga kaSatana. Zisa impiliso, uxolelwaniso nokubuyisana eMzantsi Afrika uze uthulule uMoya waKho oyiNgcwele kunye neNyaniso kuthi. AMEN.

Umthandazo wokukhulula Ivangeli ezizweni

Nkosi uYesu krestu uthembisile kubafundi bakho ukuba baya (nathi) sakwamkela amandla akuba umoya oyingcwele efikile sandule sibe ngamangqina emhlabeni wonke. Siyakucela uthulule umoya wakho oyingcwele phezu kwethu uze unike ibandla eliseMzantsi Afrika amandla negunya lokushumayela ivangeli ezizweni uze ubenze abafundi bakho. Siyathandaza ukuze ulingqinele ilizwi lakho ngoko kuthembisa kwakho kwincwadi ka Luka 16: 16-18. Nceda uthumele abasebenzi abasuka e Mzantsi Afrika ekuvuneni. Sinike igunya lokufundisa iintlanga ilizwi nemimiselo yakho ukuze kuze impiliso nohlangulo ngokwe ncwadi ka Mateyu 28:18. Egameni lika Yesu Kristu sivula amasango sibhekise e Afrika; siyilungiselele indlela yabantu ngenguquko; sakha uhola wendlela sisusa amatye nezikhubekiso. Siphakamisela abantu ibhanile:- IGAMA LIKA YESU KRESTU YHWH NISSI!

Ukulungiselelwa kwamaqela omthandazo, iziza zomthandazo njalo-njalo:

Sicebisa ukuba kwakhiwe amaqela omthandazo ukuthandazela izono zesizwe endaweni yokuba umntu azithandazele yedwa. Kungakuhle ukuba amaqela aphume kwimvaba ezohlukeneyo nentlanga ezohlukeneyo angahlangana ndawonye ngale njongo. Ukuba lomaqela awakho nceda ugavumeli ukuba loo nto ikuthintele ekuthandazeni nokufuna uYehova ngokunokwakho. Siyacebisa kwakhona ukuba amaqela omthandazo ahambele iziza zobugwenxa aye kuthandaza emakhaya okanye ezinkonzweni. Isizathu kukuba nibone abantu ngamehlo kaThixo nimcele uThixo ukuba avuse uvelwano kuni nisiva intliziyo ebuhlungu, ivumba nengxolo yendawo. Lento inika ithuba ukuthandazela abantu ujongene nabo ubuso ngobuso.

Imigaqo yeentlanganiso zamaqela omthandazo:

- Hlanganani ngokukhaleza nithandaze ebuncinaneni kanye evekini
- Ngexesha lokuhlangana chithani iyure ibenye ekudumiseni nasekunquleni, ngokucula nokuthandaza nisebenzisa enye iyure ukulindela eNkosini ukufumana ilizwi ngendawo yakho, idolophu okanye isixeko, nize nimcele anithyilele ezizinto emanithandaze ngazo. Thandazelani ukuba izinto ezifihlakeleyo zivezwe ekukhanyeni (Yer 33:3; Dut 29:29; Yakobi 1:5)
- Gcina incwadana yomthandazo. Bhala phantsi amazwi; imibono; amaphupha okanye is\ziprofeto ezifunyenweyo. Yabelana ngezi zinto nabanye abathandazi. Gcina ezo kuphela zicacileyo neivumelene ngazokubaluleke kakhulu umoya wokwahlula abanye oomoya. **Musa ukusebenza ngayo yonke into oyivayo qala ngokuyivavanya elizwini likaThixo nabanye abathandazi.**
- Qala ngokufunda amaphephandaba asekuhlaleni umamele iindaba zasekuhlaleni. Gcina amehlo akho neendlebe zakho zivulekile uze uqalise uthandazele izinto ezisematheni. Mcele uThixo akutyhilele iingcambu zezinye zeziqhamo zomoya (uqhawulo mitshato; ukuhlukunyezwa; ulwaphulo mthetho njalo-njalo) endaweni yakho.
- Hambela iziza zobugwenxa kwindawo yakho umcele uYehova akutyhilele intliziyo yakhe malulnga nezo zinto.

- Zithandazele yonke imihla ukuzilungiselela ukuthabatha inxaxheba, Indumiso 5; Daniyeli 9:1 – 9; Nehemiya 1:9; Efese 1:17 – 23; 3:9 21; 6:10 – 20; Filiphu 2:3 – 18.
- Lumkela ukuba iqela lomthandazo lingabi liqela lentlebendwane. Ningathethi ngabantu nokubandakanyeka kwabo esonweni, ukusuka apho zithandazeleni ezo zinto nize nicele iNkosi ibasondeze kuyo.
- Zakuba izono zesizwe nizithandazele, celani iNkosi inihlambulule ingqondo neenkumbulo zenu. Phakamisela amehlo akho kuYehova uwasuse esonweni.
- **Ungaze uthethe nakubani na ngezinto uThixo akutyhilele zona. Yiba nemfihlo kakhulu malunga nokwabelana ngolwazi ngabantu(umzekelo abo basebenzisa iziyobisi ngendlela engeyiyo). Xa uThixo ekunika olo lwazi ulindele ukuba ume ethubeni ngabo bantu ungabangxwelerhi okanye ubatshabalalise. Yeka ibe ngu Thixo ogwebayo.**

Umthandazo kwiziza zobugwenxa

Khumbula esona sizathu sokuya kuthandaza kwiziza zobugwenxa kuphela kukuzisa uvelwano ezintliziyweni zethu ngento eyenziwe sisono kuthi nauThixo. Kukhona kuyimpumelelo ukuthandaza kwezi ziza ngaphezu kikuthandaza ekhaya. **Khumbula ukuba sikwimfazwe yomoya. Asinakho kwesisigaba ukutshabalalisa nayo neyiphina into; isivivana; umfanekiso njalo-njalo, ngaphandle kokuba iyeyakho okanye ufumene imvume yekwenza oko kwasaemagunyeni. Ngesi siqalo sizisa inguquko ejongise kuThixo. Asikho kwical lokona. Sijongene nezono zesizwe phambi koThixo. Asithathi magunya okanye amandla aloawula phezu kwendawo kodwa sisusa iinyawo ngenguquko. Ngaphandle kokuba uThixo uthethile kuwe ngokucacileyo; musa ukungena kwimfazwe yomya ngexesha lenguquko. UThixo uyakukusibonisa lakuba lifikile ixesha lilungele ukwenza oko.**

- Fumana iziza apho ubugwenxa obuchasene noThixo baqhubeka khona ngokusebenziza uluhlu lwemibuzo angasemva kule ncwadana.
- Sihambele kuqala isiza “ubuntlola”. Fumana ukuba bangaphi abantu abavumelekileyo ukungena apho; imali yokungena esizeni; indlela

yokukhwela xa kuyimfuneko nokuba kungakwazeka ukuthandaza esizeni apho. Musa ukuxhala ukuba awuvunyelwa ukuthandaza esizeni (umzekelo iitempitle zezithixo), fumana indawo ekufutshane uze uthandaze apho.

- Iindawo ezininzi zivulelekile kwiindwendwe nabanquli ngoko nceda ubase iliso nabanye abantu kulo ndawo. Hlonela iziza zokuthandaza ngokunjalo nabantu abahlala kulo ndawo. Ungonakalisi izinto zabantu.
- Thandazela ukhuseleko lweNkosi kuwe; iqela; iintsapho zenu; izihlobo nebandla ngaphambi kokuyakuthandaza nakwisiphina isiza. Qiniseka ukuba usisebenzile sonke isono esingaziwayo ebomini bakho ngaphambi kokuthabatha izono zesizwe sakho.
- Ukuba kunokwenzeka amaqela omthandazo ayakubandakanya iintlanga zonke izimele loo ndawo. Ukuba loo nto ayikwazi ukwenzeka qhadashelana nabanxulumanisi bedolophu ezingqongileyo abanokuba nabathandazi bezinye iintlanga.
- Ingqwalasela yenguquko iphakathi kwethu noThixo; kodwa ukuba iNkosi ikukhokelela ukuguqukela ezinye iintlanga; yenze loo nto uze uthandaze ngokunzulu ukuze uxolelwaniso lwenzeke. Musa ukuba nasenzo usenzayo ngelithuba. Ukuba abantu abakho kuyo ngeentliziyo iyakuba yinto yomphandle kuphela kungabikho nto yenzekayo ngokwasemoyeni. INkosi ayikhangeli into esiyithethayo okanye esiyenzayo, ikhangela intliziyo. Iyayazi ukuba sicinga okanye siva njani. Kunokuba uzame ngokunokwakho ukuphilisa amanxeba anzulu kuvume ukungakwazi kwakho ukuxolelanisa,
- Ngomhla ozakuya ngawo neqela lomthandazo kwisiza sobugwenxa, zilungiselele ngokuchitha ixesha elaneleyo ngokunqula nokulindela eNkosini ngaphambi kokuthandaza. Leyo into ingenziwa ekhaya okanye nakwenye indawo efanelekileyo yokuhlangana, kungangabikho sesizeni kuphela. Unqulo esizeni lungafinyezwa ngeengoma ezimbalwa nokuthandaza. Eyona ngqwalasela yinguquko, ngoko ke zinike ithuba eloneleyo lokungena ebukhweni beNkosi ngaphambi kokuqalisa imithandazo yenguquko. Imizekelo yemithandazo ekule ncwadana iyimigaqo kuphela asiyonto ebekiweyo ukuba ilandelwe. Vumela uMoya oyiNgcwele akukhokelele kulo ndlela afuna ukuba uthandaze ngayo. Musa ukuzingxamela xa usesizeni. Thabatha ixesha ucalula ulindile eNkosini.
- Bhala phantsi yonke into eyenzeke esizeni ukuze incede kwixesha elizayo.

- Njengoko le nto isenziwa ngokomoya akumele nenze zenzo ezibonakalayo esizeni. Akumele nikhale okanye nikhwaze ukubiza uThixo. Sebenzisana namanye amalungu eqela lakho uze umvumele uMoya oyiNgcwele anikhokelele kubunye. Nika ilungu ngalinye ithuba lokuthandaza nokumamela eNkosini. Nokuba ngumthandazi ongenamava unako ukuliva ilizwi eliphuma eNkosini. Abantwana bavumelekile ukuya kuthandaza nabazali ezizeni kodwa kuqinisekwe ukuba banombono omnye kungenjalo bayakuphazamiseka.
- Yiba nemfihlo kakhulu ukusebenza izenzo zesiprofeto ukusetyenziswa kwamaphondo namapheke-pheke kungaba luncedo olukhulu ukuzisa imo yonqulo kodwa azinamandla ezinawo okanye ubugqi kuzo. Noluphina usuleleko lwasemoyeni luyakuza kuThixo ngokwakhe. Akukho nto oyisebenzisayo ukuprofeta eyakuzisa ubugqi. Musa ukusebenzisa izinto ezifana ne: oli, ityuwa, njalo-njal0. Ngaphandle kokuba iqela lonke livumelene ngokupheleleyo. Umthandazo wenguquko nguwona ubalulekileyo esizeni eso.
- Onke amazwi okanye izenzo mazaziswe kwinkokheli yeqela ngaphambi kokwenza nantoni. Nceda kulumkele kakhulu ukuqikelela. Ungathathi ngokuba yonke into oyifumana njengesityhilelo esizeni ivela eNkosini. Vavanya neliphina ilizwi ngokweBhayibhile.
- Ukuba uyakhokeleka neqela liyavuma ningasithabatha isidlo seNkosi esizeni okanye ekhaya ngahambi kokuba iqela lisuke. Ungasithabathi isidlo seNkosi njengesibingelelo sobugqi. Khumbula ukuba yayingumfanekiselo womnqophiso omtsha oweza ngegazi likaYesu.
- Ungaze uthi ububemeli bakho bukaKrestu ubusebenzisele ukwenza izenzo ezingekho mthethweni kwiziza okanye nakwiyiphi na idolophu.
- Sebebenzisa izibhalo ukuthandaza umise ilizwi likaThixo phezu kommndla wakho.
- Lumkela ukungabikho kobunye eqeleni kuba kungazitshaballalisa iinzame zokuthandaza. Phathani ukungavumelani phakathi kweqela ngobudal, ukuthobeka, ukuwolela, nobabaloo. Ukuchitha ixesha emthandazweni kubalulelkile kakhulu malunga nalo mbandela. Elinye lamaqhinga otshaba kuphazamisa iqela ekuthandazeni ukuze lingakazi ukuthandaza ngobunye. Siyacebisa ukuba onke amalungu eqela enze isivumelwano sokuthandaza nokuthobelana phakathi kweqela, kubandakanya nenkokheli. Okona nithobelana kukona ubunye bukhulayo. Ngobuninzi bobunye negunya lokuthandaza lifumaneka libe lininzi.

JERICHO WALLS INTERNATIONAL PRAYER NETWORK
PRIVATE BAG X22
LYNNWOOD RIDGE
0040
SOUTH AFRICA

Tel: +27 12 365 3213
Fax: +27 12 365 3214
Email: info@jwipn.com
Website: www.jwipn.com